

English term	POS	Definition	Examples	TRANSLATED TERM (ISIXHOSA)	POS	TRANSLATED DEFINITION (ISIXHOSA)	TRANSLATED EXAMPLES (ISIXHOSA)
abandon	verb	to stop doing something or being involved in an activity or piece of work, especially before it is completed.	Have they just postponed this project, or abandoned it altogether?	-yeka	verb	ukuyeka ukwenza into ethile okanye ukubandakanyeka kumsebenzi okanye isiqingatha esithile, ngokukodwa phambi kokuba ugqitywe.	Ingaba barhoxise nje le projekthi, okanye bayiyeke kwaphela?
abandon	verb	to stop having an idea or thinking in a certain way.	They abandoned their socialist principles.	-ncama	verb	ukuyeka ukuba noluvo okanye ukucinga ngenye indlela.	Bazincamile iinqobo zokuba ubutyebi belizwe bobabantu bonke.
abnormal	adj	something or someone who is different from what is normal, ordinary or expected, often in a way that seems strange, worrying, wrong or dangerous.	The participants in the study were referred to an ear, nose and throat specialist on the basis of abnormal middle ear measurements.	-ngaqhelekanga	adj	into okanye umntu ohlukileyo kwinto eqhelekileyo, yesiqhelo okanye elindelweyo, ngamaxesha amaninzi ngendlela engaqhelekanga, exhalabisayo, engalunganga okanye enengozi.	Abathathi-nxaxheba kuphononongo bathunyelwa kwingcali yendlebe, impumlo nomqala ngokusekelwe kwimilinganiso engaqhelekanga yomphakathi wendlebe.
absorb	verb	to take new information into the mind and learn and understand it.	Without any prior knowledge or a printed text at our disposal, it was difficult to absorb all the information he presented on nuclear fission.	-funxa	verb	ukuthatha ulwazi olutsha ulufake engqondweni uze ulufunde yaye uluqonde.	Ngaphandle kolwazi naluphina lwangaphambili okanye into ebhaliweyo esinayo, bekunzima ukufunxa lonke ulwazi olunikelwa ngokucandeka kwenyukliya.
absorb	verb	to hold someone's attention or interest completely.	She was completely absorbed in her book and didn't hear a word I said.	-thabathekile	verb	ukubamba ingqalelo okanye umdla womntu ngokupheleleyo.	Wayethabatheke ngokupheleleyo kwincwadi yakhe yaye akeva nelinye igama endalithetha.
abstract	adj	existing as an idea, but not as a physical thing.	Love is regarded as an abstract idea.	-ngaphathekiyo	adj	into ekhoyo njengoluvo, kodwa hayi njengento ephathekayo.	Uthando luthathwa njengoluvo olungaphathekiyo.
abstract	noun	a short summary.	The abstract of the article summarises the main findings.	isicatshulwa	noun	isishwankathelo esifutshane.	Isicatshulwa senqaku sishwankathela iziphumo eziyintloko.

accelerate	verb	to make a process happen faster or sooner than expected.	Game-based learning can accelerate the transfer and application of knowledge.	-khawulezisa	verb	ukwenza inkqubo yenzeke ngokukhawuleza okanye msinya kunokulindelweyo.	Ukufunda okusekelwe kumdlalo kungakhawulezisa ukudlulisa nokusebenzisa ulwazi.
accept	verb	to believe something to be true.	Jim Martin accepted Halliday's ideas on Systemic Functional Grammar.	-amkela	verb	ukwamkela ukuba into ethile yinyaniso.	Umfundi wamkele isifundo sikatitshala sokuba ilanga livela empumalanga.
accept	verb	to agree with or approve of someone or something.	The head of the department accepted his resignation.	-vuma	verb	ukuvuma okanye ukwamkela umntu okanye into ethile.	Intloko yesebe yamkele ukuyeka kwakhe emsebenzini.
acceptable	adj	that people can agree with or accept.	Cohabitation has become more socially acceptable today.	-amkelekileyo	adj	abantu banokuvumelana ngento okanye bayamkele.	Ukuhlalisana kwamkelekile kwezentlalo namhlanje.
acceptable	adj	that can be allowed.	These noise levels are acceptable within the office.	-amkelweyo	adj	oko kungamkelwa.	Le miphakamo yengxolo yamkelekile ngaphakathi kweofisi.
access	noun	the opportunity to use or gain entry to a place or a building.	The only access to the laboratory is through that door.	indlela	noun	ithuba lokusebenzisa okanye ukufumana ukungena kwindawo okanye isakhiwo.	Indlela ekuphela kwayo yokungena elebhu kungoluya cango.
access	verb	the right, privilege or opportunity to use something or approach someone.	Students must have access to a good library.	-fikelela	verb	ilungelo, imfaneleko okanye ithuba lokusebenzisa into ethile okanye ukuya kumntu othile.	Abafundi kufuneka babenakho ukufikelela kwindlu yeencwadi elungileyo.
access	verb	to find or retrieve information from a storage device, such as a file.	She accessed three different databases to find the information.	-fumana	verb	ukufumana okanye ukulanda ulwazi kwisixhobo sokugcina, esifana nefayili.	Ufikelele koovimba bolwazi (idatabase) abathathu ukufumana ulwazi.
accommodate	verb	to take someone or something into consideration.	Educators accommodate learners with poor reading ability by providing activities that are within their ability.	-qhelanisa	verb	ukuthathela umntu okanye into ethile ingqalelo.	Abafundisi-ntshapho baqhelanisa abafundi abanesakhono sokufunda esiphantsi ngemisebenzi ephakathi kwesakhono sabo.
accompany	verb	to occur with, go along with.	The plagiarism declaration must accompany all written work submitted while you are a student of the university.	-khapha	verb	ukwenzeka kunye nento ethile, okanye ukupheleka.	Isibhengezo sokuthatha umsebenzi womnye umntu kufuneka sikhaphe wonke umsebenzi obhaliweyo onikelwe xa ungumfundi eyunivesithi.

accordance	noun	in agreement with.	The dismissal of the employee was effected in accordance with a fair procedure.	ukuvumelana	noun	ukuvumelana.	Ukugxothwa komqeshwa kuphunyezwa ngokwenkqubo evumelana nobulungisa.
accumulate	verb	to gradually obtain more of something.	Some students enrol for a course simply to accumulate credits towards their degrees.	-fumba	verb	kancinci kancinci fumana okongezelelweyo kwento ethile.	Abanye abafundi babhalisela isifundo nje ukuqokelela amanqaku ajolise kwizidanga zabo.
accumulate	verb	to increase gradually in number or quantity.	Evidence has accumulated that certain artificial sweeteners are more harmful than sugar.	-andisa	verb	ukwandisa kancinci kancinci kwinani okanye kubuninzi.	Ubungqina buqokelelene bokuba ezinye iintlobo zeeswekile zokunonga zingenozzi ukugqitha iswekile yokwenene.
acknowledge	verb	to accept, admit or recognise.	Permission to use the material is gratefully acknowledged.	-vuma	verb	ukwamkela, ukuvuma okanye ukuqonda.	Imvume yokusebenzisa izinto yamkelwe ngombulelo.
acquire	verb	to get, obtain or gain an ability, habit or skill.	Learners read to gather information and acquire new knowledge.	-fumana	verb	ukufumana, ukuzuza okanye ukongeza isakhono, umkhwa okanye ubuchule.	Abafundi bafunda ukuqokelela ulwazi nokufumana ulwazi olutsha.
acquisition	noun	the act of learning or developing a skill.	Study at university is not merely the acquisition of new knowledge; it is also about developing certain values and dispositions.	ukufumana	noun	isenzo sokufumana okanye ukuphuhlisa isakhono.	Ukufunda eyunivesithi ayikuko kuphela ukuzuza ulwazi olutsha kodwa nokuphuhlisa izinto ezithile ezixabisekileyo nezimilo.
adapt	verb	to change your ideas or behaviour in order to deal with a new situation successfully.	University courses have to adapt to the needs of the marketplace.	-lungisa	verb	ukutshintsha izimvo okanye ukuziphatha kwakho ukuze ujongane nemeko entsha ngempumelelo.	Izifundo zeyunivesithi kufuneka zilungele iintswelo zemalike.
adequate	adj	having the qualities or resources needed to perform a task.	This test is adequate for measuring students' preparedness for studying through medium of English.	-aneleyo	adj	ukuba nazo iimpawu okanye amancedo afunekayo ukwenza umsebenzi.	Olu vavanyo lwanele ukulinganisa isakhono sabafundi sokufunda ngesiNgesi.
adhere	verb	to stick to something.	The paint will adhere to any clean surface.	-ncamathela	verb	ukuncamathela kwinto ethile.	Ipeyinti iya kuncamathela nakowuphina umgangatho ococekileyo.
adhere	verb	to obey or follow a set of principles, a course of action, or rules.	A great statesman knows when to depart from traditions and when to adhere to them.	-bambelela	verb	ukuthobela okanye ukulandela iseti yeenqobo, indlela yokusebenza, okanye imithetho.	Umthandi wesizwe omkhulu uyalazi ixesha lokusuka kumasiko nelokubambelela kuwo.

adjust	verb	to alter, change or regulate in order to conform to a standard or to perform a function.	Educators must adjust to the characteristics and learning needs of students.	-lungelelanisa	verb	ukutshintsha, ukuguqula okanye ukulawula ukuze uthobele imigangatho okanye ukwenza umsebenzi.	Ootitshala kufuneka balungelelanise iintswelo zokufunda zabafundi.
administer	verb	to organise, provide or apply something in a correct or fair way.	The examination was administered fairly.	-phatha	verb	ukuhlela, ukubonelela okanye ukusebenzisa into ethile ngendlela echanekileyo okanye enobulungisa.	Uvavanyo luqhutywe ngobulungisa.
admit	verb	to agree that something is true.	The motor manufacturer admitted to tampering with the carbon emission tests.	-vuma	verb	ukuvuma ukuba into ethile yinyaniso.	Umvelisi weemoto uvumile ukuba uphazamise iivavanyo zokukhutshwa komsi.
advocate	verb	to speak, plead or argue in favour of.	She is an advocate for women's rights.	-abela	verb	ukuthetha, ukucenga okanye ukuxoxa ngokuluncedo kokuthile.	Ungumququzeleli wamalungelo abasetyhini.
affect	verb	to have an influence upon/on.	The purity of the samples can significantly affect the results of the experiment.	-zenzisa	verb	ukuba nempembelelo kwinto.	Ukusulungeka kweesampulu kungenzisa ngokubalulekileyo iziphumo zomfuniselo.
affect	noun	emotion, especially in relation to how it influences thoughts and behaviours.	The scale measures positive and negative affect towards refugees.	ukuzenzisa	noun	uvakalelo, ngokukodwa ngokunxulumene nendlela oluphembelela ngayo iingcinga nezimilo.	Isikali silinganisa ukuchaphazela kobuhle nobubi ngokubhekiselele kubasabi.
aggregate	noun	a sum total of many different things taken together.	The aggregate of all the changes made radically changed the image of the organisation.	ingqokelela	noun	umdibaniso uwonke wezinto ezininzi ezahlukeneyo zithathwa zikunye.	Ingqokelela yazo zonke iinguqu ezenzisiweyo eziguqule ngamandla umfanekiso wombutho.
agitate	verb	to protest or argue wrongly in public for something you want, especially a political or social change.	The student union agitated for better living conditions.	-yaluzelisa	verb	ukukhalaza okanye ukuphikisana ngokuphosakeleyo esidlangalaleni malunga nento oyifunayo, ngokukodwa inguqu yezopolitiko okanye eyezentlalo.	Umbutho wabafundi oyaluzelisa malunga neemeko zokuphila ezingcono.

allege	verb	to state something as a fact without giving proof.	Oppenheimer (2015: 14) alleged that Balmain (2010) contrived the results of his research.	-banga	verb	ukubanga ukuba into ethile yinyaniso ngaphandle kokunika ubungqina.	U-Oppenheimer (2015:14) wabanga ukuba u-Balmain (2010) waqamba iziphumo kuphando lwakhe.
allocate	verb	to distribute according to a plan or set apart for a purpose.	Seats are allocated according to the proportion of votes gained.	-abela	verb	ukwaba ngokwesicwangciso okanye ukwabela bucala ngenjongo.	Izihlalo zabiwe ngokwalamana ngeevoti ezifunyenweyo.
allude	verb	to mention something or someone briefly or indirectly.	It is only possible to allude briefly to the conclusions that he has attained in treating the various problems.	-bhekisa	verb	ukuxela into ethile okanye umntu othile ngokufutshane okanye hayi ngqo.	Kunokwenzeka kuphela ngokubhekisa ngokufutshane kwizigqibo azifikeleleyo ngokujongana neentlobo-ntlobo zeengxaki.
allusion	noun	a brief or indirect reference to someone or something.	Spencer makes frequent allusions to the New World.	irheshenga	noun	ukubhekisa okufutshane okanye okungekho ngqo kumntu okanye into ethile.	U-Spencer wenza rhoqo amarahshenga nge-New World.
alter	verb	to cause to change; make different.	The holocaust significantly altered the course of history.	-guqula	verb	ukudala ukutshintsha; ukwenza kwahluke.	Intshabalalokazi ngomlilo yaguqula ngokuphawulekayo indlela yembali.
alternate	verb	to put two things, one after the other, in a repeated pattern.	The short story alternates love and death.	-tshintshana	verb	ukubeka izinto ezimbini, enye emva kwenye, ngepatroni ephindaphindayo.	Ibali elifutshane lenza ukutshintshana kothando nokufa.
ambiguity	noun	the state of having more than one meaning.	The lecturer clarified any misunderstandings and ambiguity by giving individual feedback.	ukuntsonkotha	noun	imo yokuba nentsingiselo engaphezulu kwenye.	Umlhohli uchaze ukungaqondi nokuntsonkotha ngokunika ingxelo enye.
ambiguous	adj	having more than one meaning.	The term "wilderness" shows geographical ambiguity because the boundaries are not defined.	-entsingiselo	adj	ukuba nentsingiselo engaphezulu kwenye.	Igama "intlango" libonisa ukuba neentsingiselo ezimbini zejografi ngenxa yokuba imida ayichazwanga.
amend	verb	to change a law, agreement or document slightly.	The agreement was amended to apply only to senior members.	-lungisa	verb	ukutshintsha umthetho, imvumelwano okanye uxwebhu kancinci.	Imvumelwano yalungiswa ukuze isebenze kumalungu aphezulu kuphela.
analogy	noun	drawing a comparison in order to show a similarity between two things.	One may find analogies with one's own emotions and feelings in another person's poetry.	imfaniso	noun	ukuzoba umahluko ukubonisa imfaniso phakathi kwezinto ezimbini.	Umntu unokufumana iimfaniso zeemvakalelo nezimvo zakhe kumhobe wonye umntu.

analyse	verb	to break up a whole into the parts of which it was composed and identify relationships among the parts.	The students must analyse a chemical compound in order to identify it.	-hlahlela	verb	ukucalula into epheleleyo ngamalungu ayakhayo nokuchonga unxulumano phakathi kwamalungu.	Kufuneka abafundi bahlahlele umdibaniso wechiza ukuze balichonge.
annual	adj	describing quantities or rates that are calculated over the period of a year.	The annual income of a top CEO in South Africa is more than one million rand.	-eminyaka	adj	ukuchaza ubuninzi okanye amaqondo abalwa kwithuba lonyaka.	Ingeniso ngonyaka yeGosa eliPhezulu loPhuhliso (i-CEO) eMzantsi Afrika ingaphezulu kwesigidi esinye seerandi.
annual	noun	a magazine or book that is published once a year and that has the same title, but different content.	The <i>Modern Scientist</i> is an annual which appears in December every year.	unyakamnye	noun	imagazini okanye incwadi epapashwa kanye ngonyaka yaye enesihloko esinye, kodwa iziqukatho ezahlukileyo.	I- <i>Modern Scientist</i> yimagazini yonyakamnye evela minyakale ngoDisemba.
anomaly	noun	something that differs from what is usual, normal or expected.	With his introverted nature, he was an anomaly in his exuberant family.	ukungabikho mthethweni	noun	into ehlukelelo kwinto yesiqhelo, eqhelekileyo okanye elindelweyo.	Ngemo yakhe yokujongisisa ngaphakathi, bekengekho mthethweni nosapho lwakhe oluchwayitileyo.
anticipate	verb	to regard something as probable or likely.	The results are not as favourable as anticipated.	lindela	verb	ukuthatha into njengento enokwenzeka okanye elindelekileyo.	Iziphumo azithandeki njengoko bezilindelwe.
apparent	adj	easy to see or understand.	It is apparent that many users of African languages seem to prefer being educated in English because of the perceived benefits that still accompany the language.	-cacileyo	adj	into elula ukuyibona okanye ukuyiqonda.	Kucacile ukuba abasebenzisi abaninzi beelwimi zesiAfrika bakhangeleka bekhetha ukufundiswa ngesiNgesi ngenxa yeenzuzo ezisapheleka ulwimi.
appeal	noun	a formal request to some authority for a decision to be changed.	He made an appeal to the court to shorten his sentence.	isibheni	noun	isicelo esisemthethweni kwigunyabantu elithile sokuba isigqibo siguqulwe.	Wenze isibheni enkundleni sokufutshaniswa kwesigwebo sakhe.
appeal	verb	to make a formal request to some authority for a decision to be changed.	The student appealed to the council against the decision to expel him.	-bhena	verb	ukwenza isibheni esisemthethweni sokuba igunyabantu elithile liguqule isigqibo.	Umfundi wenza isibheni kwibhunga ngokuchasene nesigqibo sokumgxotha.

appeal	verb	to persuade somebody to do something on the grounds that it is fair and reasonable to do so.	Disagreements can only be resolved if we appeal to principles of justice.	-bongoza	verb	ukucenga umntu ukwenza into ethile ngezizathu zokuba bubulungisa yaye kwamkelekile ukwenza njalo.	limbambano zingasombululwa kuphela ukuba sibongoza kwiinqobo zobulungisa.
appear	verb	to give the impression of being or happening.	Dlamini (2015) appears to support a federal system.	-bonakala	verb	ukunika uluvo lokuba ikho okanye iyenzeka.	UDlamini (2015) ubonakala exhasa inkqubo yomanyano lwezizwe.
append	verb	add to; attach.	The aerial maps were appended to the assignment.	-hlomela	verb	yongeza; hlomela.	limaphu zasemoyeni bezihlonyelwe kumsebenzi.
appendix	noun	a part at the end of a book or document which gives extra information.	The detailed budget papers are included in the appendix of the proposal.	isihlomelo	noun	inxalenye ekupheleni kwencwadi okanye koxwebhu enika ulwazi olongezelelweyo.	Amaphhepha ohlahlo-lwabiwomali aneenkcukacha aqukiwe kwisihlomelo sesicelo.
appreciate	verb	to recognise the good qualities of something or someone.	The publication appreciates her abilities as researcher.	-xabisa	verb	ukuvuma umgangatho olungileyo wento ethile okanye umntu othile.	Upapasho luxabisa izakhono zakho njengomphandi.
appreciate	verb	to understand something to be true.	A number of scholars have appreciated the significance of the Bologna agreement for the promotion of multilingualism.	-qonda	verb	ukuqonda ukuba itho ethile iyinyaniso.	Inani lezifundiswa ziqondile ukubaluleka kwemvumelwano yase-Bologna yokukhuthaza iilwimi ezininzi.
appreciate	verb	to increase in value over a period of time.	The value of property in the area has appreciated by 10 per cent over the past three years.	-beka ixabiso	verb	ukunyuka kwexabiso ekuhambeni kwexesha.	Ixabiso lepropati kwindawo liphakeme nge-10 lepesenti kwiminyaka emithathu egqithileyo.
approach	verb	to start dealing with a problem or task.	Post-modern theories have approached the problem from two different perspectives.	-sondela	verb	ukuqalisa ukujongana nengxaki okanye umsebenzi.	lithiyori zasemva kwempucuko zisondele kwingxaki ukusuka kwiingqikelelo ezimbini ezahlukileyo.
approach	noun	a way of looking at an issue, a problem or a phenomenon.	He followed a qualitative approach in his research.	ukusondela	noun	indlela yokusondela umba, ingxaki okanye isenzeko.	Kuphando lwakhe ulandele ukusondela ngokobulunga.
appropriate	adj	suitable for a particular purpose, place, condition, etc.	Specific characters, appropriate for each scene of the play, were used.	-fanelekileyo	adj	elungele injongo, indawo, imeko, njl. njl.	Abalinganiswa abakhethekileyo, abafanelekileyo kwimbono nganye yomdlalo, basetyenzisiwe.

appropriate	verb	to take something that does not belong to you, especially illegally or without permission.	The supervisor was suspended for appropriating data gathered by his doctoral student.	-thabathela	verb	ukuthatha into engeyiyo eyakho, ngokukodwa ngokungekho mthethweni okanye ngaphandle kwemvume.	Umveleli umisiwe ngokuzithabathela i-data eqokelelwe ngumfundi wakhe wesidanga sobugqirha.
approximate	verb	to judge tentatively.	His method for determining approximate values of the roots of equations is identical in principle with the methods of Sir Isaac Newton.	-beka kufuphi	verb	ukugweba ngokwesibambiso/ok wangoku.	Indlela yakho yokumisela ngokusondeza amaxabiso eengcambu zothelekiso iyafana ngenqobo zeendlela zika-Sir Isaac Newton.
approximate	verb	to be similar or close to something in amount, quality or nature.	Her singing approximated the singing of the diva, but lacked star quality.	-sondeza	verb	ukufana okanye ukusondela kwinto ethile ngobungakanani, ubulunga okanye imo.	Ukucula kwakhe kusondele kumculo wamagqala, kodwa uyasilela kubulunga benkwenkwezi.
approximately	adv	almost correct or accurate.	The room is approximately twelve square metres - exact measurements are not available.	malunga ne	adv	iphantse yaba ilungile okanye ichanekile.	Igumbi limalunga neemitha ezisikwere ezilishumi elinesibini – imilinganiso ngqo ayifumaneki.
arbitrary	adj	based on individual discretion or preference; not seeming to be based on reason.	Their reasons for appointing him as captain seemed to be completely arbitrary since he had never excelled at the sport.	ukuzithandela	adj	ngokusekelwe kubulumko okanye ukhetho lomntu ngokuzimeleyo; hayi ngokungathi kusekelwe kwisizathu.	Izizathu zabo zokumalatha njengomphathi ingathi zezokuzithandela ngokupheleleyo njengoko engazange agqwese kwezemidlalo.
area	noun	field of study.	Her area of expertise include linguistics, morphology and semantics.	ummandla	noun	uphononongo lwangaphandle.	Ummandla wakhe bobungcali uquka inzululwazi ngeelwimi, inzululwazi yokubunjwa kwamagama nenzululwazi yeentsingiselo.
argue	verb	to give reasons for your opinion on a particular matter.	He argued that South Africa should stop selling power to neighbouring countries because it was facing massive shortages within the country.	-uxoxe	verb	ukunika izizathu zoluvo lwakho ngomba othile.	Uxoxe ngokuthi uMzantsi Afrika kufuneka uyeke ukuthengisa amandla kumazwe obumelwane ngenxa yokuba sijongene nokungqongophala okukhulu phakathi kwelizwe.

argumentative	adj	using reason to make an argument.	It is suggested that the argumentative essay type has three stages: a thesis, an argument and a conclusion.	-thanda ukuphikisana	adj	ukusebenzisa isizathu ukwenza impikiswano.	Kucetyiswa ukuba isincoko sohlobo lokuphikisana sinezigaba ezintathu: ithisisi (ingcingane), ukuphikisana nesigqibo.
ascribe	verb	to believe, consider or declare that something is caused by or exists because of someone or something else.	The poem is ascribed to Chinua Achebe, but some scholars believe it was written by Wole Soyinka.	-balela	verb	ukukholwa, ukucinga okanye ukubalela ukuba into ethile idalwe okanye ikho ngenxa yomntu othile okanye into ethile.	Umhobe ubalelwa ku-Chinua Achebe, kodwa izifundiswa ezithile zikholelwa ukuba ubhalwe ngu-Wole Soyinka.
aspect	noun	a characteristic to be considered.	He considered all aspects of the problem, but could not find a solution.	imbonakalo	noun	uphawu lokuqwalaselwa.	Uqwalasele zonke iimbonakalo zengxaki, kodwa akakwazanga ukufumana isisombululo.
aspect	noun	a particular part or feature of a situation, idea, plan, etc.	Drug abuse affects all aspects of a person's health and personality.	imbonakalo	noun	inxenye okanye uphawu oluthile lwemeko, uluvo, isicwangciso, njl. njl.	Ukusebenzisa kakubi iziyobisi kuchaphazela zonke iimbonakalo zempilo nesidima somntu.
assemble	verb	to fit, put or join the parts of something together.	She had taken the television to pieces and no one could assemble it again.	-dibanisa	verb	ukulinganisa, ukubeka okanye ukudibanisa iinxenye zento ethile kunye.	Uqhaqhe ithelevishini ukuba ngamaceba ngoku akubangakho namnye obenakho ukuyidibanisa kwakhona.
assemble	verb	to come together or bring things or people together in a group; to gather or congregate.	The group of plant biologists assemble once every year.	-hlanganisa	verb	ukuhlangana okanye ukuhlanganisa izinto okanye abantu kwiqela; ukuhlanganisana okanye ukubuthelana.	Iqela leengcali zebhayoloji yezityalo zihlangana kanye unyaka nonyaka.
assent	noun	approval or agreement from someone.	The principal should give assent for the research to be conducted in his school, whereas learners should give consent for the use of their responses.	invume	noun	invume okanye invumelwano evela komnye umntu.	Kufuneka inqununu inike invume yokuba uphando luqhutywe kwisikolo sayo, ukanti abafundi kufuneka banike invume yokusetyenziswa kweempendulo zabo.

assess	verb	to estimate the nature, quality, ability or significance of something.	TALL is used to assess the literacy levels of students, in order to determine those who are at risk or high risk of failure.	-misa	verb	ukumisela imo, ubulunga, isakhono okanye ukubaluleka kwento ethile.	UBUDE busetyenziswa ukulinganisa imiphakamo yolwazi lokufunda kwabafundi, ngenjongo yokumisela ukuba ngabaphi abasengozini okanye engozini ephezulu yokungaphumeleli.
assess	verb	to calculate the cost, amount or extent of something.	He assessed the cost of building a new science laboratory.	-xabisa	verb	ukubala ixabiso, imali okanye ubungakanani bento ethile.	Ukuxabisa indleko yokwakha ilebhu entsha yenzululwazi.
assign	verb	to select something or someone for a specific purpose.	The Angolan student was assigned to South Africa to represent her university.	-abela	verb	ukukhetha into ethile okanye umntu othile ukwabelwa injongo ekhethekileyo.	Umfundi wase-Angola wabelwe eMzantsi Afrika ukumela iyunivesithi yakhe.
assimilate	verb	to absorb ideas, information, etc. so that you understand them thoroughly and feel ready to use them.	Students need time to assimilate new concepts.	-funxa	verb	ukufunxa izimvo, ulwazi, njl. njl. ukuze uziqonde ngokupheleleyo yaye uve ulungele ukuzisebenzisa.	Abafundi badinga ixesha ukufunxa iingqikelelo ezintsha.
assume	verb	take to be the case or to be true, although you have no proof.	It is reasonable to assume that the problem has multiple causes.	-zigqibela	verb	thabatha ukuba kunjalo okanye ukuba yinyaniso, nangona ungenabo ubungqina.	Kwamkelekile ukuzigqibela/ukuthabatha ukuba ingxaki ineembali ezininzi.
assume	verb	to take upon oneself; take over power or responsibility, assume control/power/responsibilities, etc.	He will assume the position of chairman next week.	-thabatha	verb	ukuzithabathela; ukuthatha amandla okanye uxanduva, ukuthabatha ulawulo/amandla/amaxanduva, njl. njl.	Uza kuthabatha isikhundla sokuba ngusihlalo kwiveki ezayo.
assumption	noun	to believe that something is the case or is true.	Empirical studies have proven that the assumption is false.	ukuzigqibela	noun	ukukholwa ukuba into injalo okanye yinyaniso.	Izifundo zamava zingqine ukuba ukuzigqibela yimposiso.
atmosphere	noun	a feeling or mood in a particular place or situation.	The relaxed atmosphere in the library helped for clear thinking.	umoya	noun	uluvo okanye isimo sengqondo kwindawo okanye imeko ethile.	Umoya woyekelelo kwindlu yeencwadi uncedile malunga nokucinga ngokucacileyo.
attach	verb	to fasten or join one thing to another thing.	Please attach a personal declaration of responsibility for each assistant who works on the project.	-dibanisa	verb	ukubophelela okanye ukudibanisa into ethile kwenye into.	Nceda udibanise isibhengezo soxanduva sobuqu somncedisi ngamnye osebenza kwiprojekthi.

attach	verb	to be part of or to work for a particular organisation, especially for a short period of time.	He is attached to the university's satellite campus in Mamelodi.	-zimanya	verb	ukuba yinxalenye okanye ukusebenzela umbutho othile, ngokukodwa malunga nethuba lexesha elifutshane.	Umanyane neziko elinxusayo leyunivesithi e-Mamelodi.
attachment	noun	an appendix; added document.	Please send the document as an attachment via e-mail.	isinamatheliso	noun	isihlomelo; uxwebhu olongeziweyo.	Nceda uthumele uxwebhu njengesinamatheliso nge-imeyili.
attain	verb	to gain by putting in effort.	They sought to attain their goals through negotiation rather than violence.	-phumelela	verb	ukuphumelela ngokwenza ilinge.	Bafune ukuphumelela kwiinjongo zabo ngothethathethwano kunokwenza ububhovubhovu.
attitude	noun	a way of thinking or feeling about something.	Attitudes are said to comprise a range of feelings, either favourable or unfavourable toward an object, a person, an issue or behaviour.	ukuziphatha	noun	indlela yokucinga okanye uluvo malunga nento.	Imimoya iquka uluhlu lwezimvo, nokuba zezithandekayo okanye ezingathandekiyo malunga nento, umntu, umba okanye ukuziphatha.
attribute	verb	to say or believe that something is the result of something else.	Students attribute their failure in exams to causes beyond their control, such as bad luck.	-balela	verb	ukuthi okanye ukukholelwa ukuba into sisiphumo senye into.	Abafundi babalela ukungaphumeleli kwabo iimviwo kwiimbangi ezingaphaya kolawulo lwabo, ezifana nelishwa.
attribute	verb	to say that somebody is responsible for saying or doing something.	Some scholars attribute the book to Zakes Mda.	-phawulela	verb	ukuthi umntu unoxanduva lokutsho okanye lokwenza into.	Abanye abafundi baphawulela incwadi ku-Zakes Mda.
attribute	noun	a characteristic belonging to something or somebody.	She has all the attributes of a great leader: patience, intelligence and diligence.	uphawu	noun	uphawu lokuba lilungu lento okanye umntu.	Unazo zonke iimpawu zenkokeli enkulu: umonde, ukuhlakanipha nenkuthalo.
authorise	verb	to give permission; to approve.	The officers are authorised to inspect the charitable children's institution.	-gunyazisa	verb	ukunika imvume; ukuvuma.	Amagosa agunyaziswe ukuhlola iziko lesisa labantwana.
authoritative	adj	as if being an expert.	Making use of authoritative texts in one's research has the purpose of providing evidence on certain issues in the construction of an argument.	-ekhutshwa ngegunya	adj	ngokungathi xa uyincutshe.	Ukusebenzisa imibhalo egunyazisayo kuphando lomntu kunenjongo yokunikela ngobungqina ngemiba ethile ekwakheni ingxoxo.

authority	noun	expert in a particular field; somebody with the power or right to give orders or make decisions.	The social worker has the authority to remove the children from their abusive home.	igunya	noun	incutshe kummandla othile; umntu onamandla okanye ilungelo lokunika imiyalelo okanye ukwenza izigqibo.	Unontlalo-ntle unegunya lokususa abantwana kwikhaya labo elibasebenzisa kakubi.
base	verb	to use an idea, fact or situation as a point from which something can be developed.	This research design was based on a survey questionnaire with a valid response from 70 experts.	-seka	verb	ukusebenzisa uluvo, inyaniso okanye imeko njengencam okungasekwa uphuhliso ukusuka kuyo.	Olu yilo lophando lusekwe phezu kovavanyo lwephepha lemibuzo olufumene impendulo esemthethweni evela kwiincutshe ezingama-70.
basis	noun	the reason why people take a particular action.	The company is hiring people on the basis of their experience.	ukuseka	noun	isizathu sokuba kutheni abantu bethatha inyathelo elithile.	Inkampani iqesha abantu ngokusekelwe kumava abo.
basis	noun	the important facts or ideas that support something.	Mutual respect is the basis of a good relationship.	isiseko	noun	iinyaniso okanye izimvo ezibalulekileyo ezixhasa into.	Ukuhloniphana sisiseko sonxulumano olulungileyo.
benchmark	noun	a standard against which other things can be measured.	The company's health and wellness programme sets a benchmark for other automotive companies in South Africa.	umzekelo	noun	umgangatho lowo ezinye izinto zingalinganiswa ngawo.	Inkqubo yempilo nentlalo-ntle yenkampani iseka umzekelo wezinye iinkampani zeemoto eMzantsi Afrika.
benchmark	verb	to evaluate or judge the standard of something by measuring it against other examples of the same thing.	We have to benchmark our research against other universities, both nationally and internationally.	-linganisa	verb	ukuxabisa okanye ukugweba umgangatho wento ngokulinganisa ngokuchasene neminye imizekelo yento efanayo.	Kufuneka senze umzekelo wethu wophando ngokulinganisa nezinye iiyunivesithi, ezesizwe nezezizwe ngokubini.
bias	noun	to have an effect on the results of research or an experiment so that they do not show correctly.	A response bias is expected when respondents tend to answer all questions in the same direction by consciously or unconsciously misrepresenting the truth.	umtsalane bucala	noun	ukuba nefuthe kwiziphumo zophando okanye umfuniselo ukuze zingabonisi ngokuchanekileyo.	Impendulo yomtsalane wecala ilindelekile xa abaphenduli benomkhwa wokuphendula yonke imibuzo ngokuya kwicala elifanayo ngengqiqo okanye ngaphandle kwengqiqo bengameli inyaniso.
bias	noun	an influence on somebody's opinions or decisions.	He showed a bias toward older employees.	ukuthatha icala	noun	impembelelo kwizimvo okanye izigqibo zomntu.	Ubonise ukuthatha icala ngokubhekise kubasebenzi abadala.

biased	adj	showing prejudice or bias.	He is too biased to give an objective opinion about the incident.	oqal'agwebe	adj	ukubonisa ukuqal'ugwebe okanye ukuthatha icala.	Uthatha icala/uqal'agwebe kakhulu ukunika uluvo olungaphembelelwa luluvo malunga nesiganeko.
brief	verb	to give essential information.	Staff should be briefed on how to use media enquiries.	-yalela	verb	ukunika ulwazi olufunekayo.	Abasebenzi kufuneka bayalelwe ngendlela yokusebenzisa imibuzo yokusasaza iindaba.
brief	adj	using few words or a short time.	She made a brief working visit to Japan.	-futshane	adj	ukusebenzisa amazwi ambalwa okanye ixesha elifutshane.	Wenze utyelelo lomsebenzi olufutshane e-Japan.
bulk	noun	the main part or most of something.	People of peasant status constituted the bulk of the European population.	uninzi	noun	uninzi lwenxenye okanye isambuku sento.	Abantu bewonga labalimi babesenza uninzi lwabantu baseYurophu.
capable	adj	having the ability.	They are aware that not all the learners are capable of doing the core mathematics curriculum.	-nesiphiwo	adj	ukuba nesiphiwo.	Bebesazi ukuba ayingabo bonke abafundi abanesiphiwo sokwenza ikharikhulam yemathematika engundoqo.
capacity	noun	the capability to perform or produce.	All human beings have the capacity for growth and creativity.	isikhundla	noun	isikhundla sokwenza okanye ukuvelisa.	Bonke abantu banesikhundla sokuhluma nokudala.
catalogue	noun	a complete, usually alphabetical, list of items.	Use the online library catalogue to find library books on the shelves.	ikhathalogu	noun	uluhlu lwezinto olupheleleyo, olukholisa ukulandelelana ngokwe-alfabheti.	Sebenzisa ikhathalogu yendlu yeencwadi ye-inthanethi ukufumana iincwadi zendlu yeencwadi kwiishelufu.
catalogue	verb	to give a list of all the events or qualities connected with someone or something.	Please catalogue all the causes of the war in your introduction.	-enza uluhlu	verb	ukunika uluhlu lwazo zonke iziganeko okanye iimpawu ezidityaniswe nomntu okanye nento.	Nceda wenze uluhlu lwazo zonke iimbangi zemfazwe kwintshayelelo yakho.
cease	verb	put an end to a state or an activity.	if plants and animals didn't produce offspring after their kind, they would cease to exist, and everything in the world would soon die.	-phelisa	verb	ukuphelisa imo okanye intsebenzo.	Ukuba izityalo nezilwanyana bezingayivelisi inzala yohlobo lwazo, bezingaphelisa ubukho bazo, yonke into emhlabeni ibingafa kungekudala.
challenge	noun	a questioning of the truth, value or validity of something.	He made a direct challenge to her authority.	umngeni	noun	ukubuza ngenyaniso, ixabiso okanye ukunyaniseka kwento.	Wenze umngeni othe ngqo kwigunya lakhe.

channel	noun	the medium for transmitting a message.	Writing is the channel through which students' academic performance is assessed.	umjelo	noun	indlela yokugqithisa umyalezo.	Ukubhala ngumjelo lowo umsebenzi wemfundo womfundi uvavanywa ngawo.
characterise	verb	to give the most typical feature(s) of something.	Strikes are characterised by high levels of violence.	-phawula	verb	ukunika ezona mpawu zokwenene zento.	Izenzo zoqhushululu ziphawulwa ngemiphakamo ephozulu yobubhovubhovu.
chart	noun	a visual display of information, such as a diagram or graph.	Charts, tables, data from media, newspaper articles and debates are tools and techniques that are often used in teaching practice.	itshathi	noun	umboniso wolwazi ngokwamehlo, ofana nedayagram okanye igrafu.	litshathi, iitheyibhile, i-data evela kusasazo lweendaba, amanqaku amaphepha-ndaba neempikiswano zizixhobo nezinto zobuchule ezidla ngokusetyenziswa kuqheliso lokufundisa.
chart	verb	to record or follow the progress of something.	The longitudinal study allowed him to chart trends over time.	-bhala phantsi	verb	ukurekhoda okanye ukulandela ukuqhubeka kwento.	Uphononongo lobude lumvumele ukubhala phantsi iinkqubo ekuhambeni kwexesha.
circumstance	noun	the way an event happened or its causes.	The circumstances surrounding his death were investigated.	imeko	noun	indlela isiganeko esenzeke ngayo okanye iimbangi zaso.	limeko ezijikeleze ukufa kwakhe ziphandiwe.
citation	noun	words taken directly from a source.	A citation in academic writing functions as a call on authority.	ucaphulo	noun	amazwi athathwe ngqo kwimvelaphi.	Ucaphulo kwimisebenzi yokubhala yezemfundo njengesimemo kwigunya.
cite	verb	make reference to.	Lecturers expect students at postgraduate level to know how to cite sources correctly.	-caphula	verb	ukwenza isalathiso kwinto.	Abahloli balindele ukuba abafundi bomphakamo ongaphaya kwesidanga bayazi indlela yokucaphula ngokuchanekileyo kwiimvelaphi.
civil	adj	of or occurring between or among citizens of the state.	They received complaints from the civil community.	-oluntu	adj	okwenzekayo phakathi koluntu nombuso.	Bafumene izikhalazo ezivela kuluntu lwasekuhlaleni.
clarify	verb	to make clear and comprehensible.	The literature review can provide the necessary information to clarify one's research aims.	-cacisa	verb	ukucacisa nokwenza kuqondakale.	Uhlobo loncwadi lungabonelela ngolwazi olufunekayo ukucacisa iinjongo zophando lomntu.
clarity	noun	the quality of being expressed clearly.	For the sake of clarity, the topics will be discussed in detail and examples will be given.	ukucaca	noun	ubulunga bokuxelwa ngokucacileyo.	Ngenjongo yokucaca, izihloko ziya kuxoxwa ngokunzulu yaye imizekelo inikelwe.

classic	adj	well-known and considered of high quality.	The book, first published in 1934, became a classic text.	-odidi	adj	into eyaziwayo neqwalaselwa iyeyobulunga obuphezulu.	Incwadi, eyapapashwa okokuqala ngowe-1934, ibe yincwadi yodidi.
classify	verb	to arrange something in groups according to features.	Novels are classified according to their genre.	-hlela	verb	ukuhlela into ngamaqela ngokweempawu.	Iinovel zihlelwa ngokweentlobo zazo.
clue	noun	a piece of evidence to help you solve a problem.	The lives of book characters will give the reader a clue of the writer's own life story.	umkhondo	noun	inxenye yobungqina yokukunceda ukusombulula ingxaki.	Ubomi babalinganiswa bencwadi buya kunika umfundi umkhondo webali lobomi bombhali ngokwakhe.
code	noun	a set of rules or principles or laws.	Students have to follow the university's code of conduct.	ikhowudi	noun	iseti yemimiselo okanye iinqobo okanye imithetho.	Kufuneka abafundi balandele ikhowudi yokuziphatha yeyunivesithi.
code	verb	to use words, letters or numbers to show that an item belongs to a particular group.	The data was coded by using a set of predetermined categories.	-gqwetha umbhalo	verb	ukusebenzisa amagama, oonobumba okanye amanani ukubonisa ukuba into yeyeqela elithile.	Idata ifakwe ikhowudi yokugqwetha umbhalo ngokusebenzisa iseti yeendidi ezimiselwe kwangaphambili.
cogent	adj	reasonable and convincing.	He had cogent reasons for continuing with his research and so the university agreed to support him.	-enamandla	adj	eyamkelekileyo nekholisayo.	Ube nezizathu ezinamandla zokuqhubeka ngophando lwakhe ngako oko iyunivesithi ivumile ukumxhasa.
cognition	noun	the process by which people understand things.	The body, emotions and cognition cannot be separated in the expressive mode of the performance of poetry.	ukuqonda	noun	inkqubo abantu abaqonda ngayo izinto.	Umzimba, iimvakalelo nokuqonda azinako ukwahlulwa kwimo yokutsho ukwenziwa komhobe.
coherent	adj	marked by an orderly and consistent relation between the parts of a whole.	You must report your findings in a logical, coherent and ethical manner.	-cacileyo	adj	ngokuphawulwa lunxulumeno oluhlelekileyo nolungatshintshi phakathi kweenxenye zento yonke.	Kufuneka uxele iziphumo zakho zophando ezifanelekileyo, ezicacileyo nemikhwa esesikweni.
coincide	verb	to happen simultaneously.	The reign of Alexander coincided with the golden age of Russian literature.	-vumelana	verb	ukwenzeka ngexesha elinye.	Ulawulo luka-Alexander luvumelana neminyaka yegolide yoncwadi lwaseRashiya.
coincide	verb	to be exactly the same as, or very similar to, something else.	Their test answers coincided, thus the lecturer thought that they might have cheated.	-lingana	verb	ukufana kanye-kanye, okanye ukufana kakhulu, enye into.	Iimpendulo zabo zovavanyo bezivumelana, ngako oko umhlohli ucinge ukuba kunokwenzeka baqhathile.

collapse	verb	to break down, literally or metaphorically.	He collapsed on the ground due to a heart attack.	-ukuthi folokohlo	verb	ukuwa phantsi, ngokwenyani okanye ngokwesikweko.	Uthe folokohlo emhlabeni ngenxa yohlaselo lwentliziyo.
collapse	noun	a sudden failure in the way something works, so that it cannot continue.	The collapse of the country's economy led to the revolution.	ukuwa	noun	ukusilela ngequbuliso kwindlela esebenza ngayo into, ukuze ingakwazi ukuqhubeka.	Ukuwa koqoqosho lwelizwe kukhokelele kuvukelo-mbuso.
commence	verb	to set in motion, cause to start.	Research may only commence from the second week of February and must be concluded before the beginning of the last quarter of the academic year.	-qalisa	verb	ukuqalisa, ukwenza kuqalise.	Uphando lungaqalisa kuphela ukusuka kwiveki yesibini ka-Febhruwari yaye kufuneka lugqitywe phambi kokuqala kwikota yokugqibela yonyaka wezifundo.
comment	verb	to give your opinion about something or someone, or your explanation for something.	Napoleon Bonaparte commented along these lines when he stated, "Man is entitled by birthright to a share of the Earth's produce sufficient to fill the needs of his existence."	-nika izimvo	verb	ukunika uluvo lwakho ngento okanye umntu, okanye inkcazelo yakho ngento.	U-Napoleon Bonaparte wanika izimvo ukuhambelana nezi xa wayesithi, "Umntu unikwe ilungelo ngelungelo lokuzalwa ukufumana isabelo kwimveliso yoMhlaba eyaneleyo ukwanelisa iintswelo zakhe zokuphila."
comment	noun	a written or spoken remark, criticism or observation about an event, a person etc.	Comments on the website indicate people's general dissatisfaction with medical services in the province.	inkcazo	noun	inkcazo ebhaliweyo okanye ethethwayo, ukuhlaba amadlala okanye ukuqwalasela malunga nesiganeko, umntu, njl. njl.	linkcazo kwiwebhusayithi zibonisa ukunganeliseki kwabantu ngokubanzi ziinkonzo zonyango zephondo.
comment	noun	something that reveals something, usually bad, about a situation or event.	The number of unemployed people is a comment on the health of the country's economy.	ingxelo	noun	into ebhengeza into ethile, edla ngokuba yembi, malunga nemeko okanye isiganeko.	Inani labantu abangaqeshwanga yingxelo kwimpilo yoqoqosho lwelizwe.
commission	noun	a special group delegated to consider a matter.	The Department appointed a commission of enquiry into the alleged unfair dismissal of two employees.	ikhomishini	noun	iqela elikhethekileyo elithunywe ukuqwalasela umba.	ISebe limisele ikhomishini yophando ngokuphathelile kwisityholo sokugxothwa ngomkhethe abasebenzi ababini.

commission	verb	to officially ask somebody to do or write something.	He was commissioned to investigate the corruption in the company.	-gunyazisa	verb	ukucela umntu ngokusesikweni ukwenza okanye ukubhala into.	Ugunyaziswe ukuphanda inkohlakalo kwinkampani.
commit	verb	to give entirely to a specific person, activity or cause.	The university has committed additional funds to postgraduate bursaries.	-enza	verb	ukunikela ngokupheleleyo kumntu othile, umsebenzi okanye injongo.	Iyunivesithi yenze unikelo lweengxowamali ezongezelweyo malunga neebhazari zezifundo zangaphaya kwesidanga.
commodity	noun	a useful or valuable thing that can be sold to make a profit.	Gold is a precious commodity to South Africa.	impahla yorhwebo	noun	into eluncedo okanye exabisekileyo enokuthengiswa ukwenza inzuzo.	Igolide yimpahla yorhwebo eligugu kuMzantsi Afrika.
communicate	verb	to interchange information or ideas with someone else, using words, signs, etc.	More and more people around the world communicate via Skype as a substitute for face to face interaction.	-qhagamshelana	verb	ukutshintshiselana ngolwazi okanye izimvo nomnye umntu, usebenzisa amagama, amaphawu, njl. njl.	Ngaphezulu nangaphezulu abantu kwihlabathi jikelele baqhagamshelana nge-Skype njengebamba lokusebenzisana ubuso ngobuso.
community	noun	a group of interdependent entities sharing the same space or interests.	The team studied kinship relations in the community for a period of four years.	umzi	noun	iqela lemizi ekhoyo edibanele ukuxhomekeka komnye nomnye neyabelana ngendawo okanye izinto ezingumdlala ezifanayo.	Iqela liphonononge unxulumano lobuzalwane kumzi ithuba leminyaka emine.
community	noun	a group of people sharing the same social practices.	He is well respected in the community of civil engineers.	ibandla	noun	ibandla labantu abadibanele iziqhelo zentlalo ezifanayo.	Uhlonelwa kakuhle kwibandla lee-injineli zoluntu.
compare	verb	to examine things to see how they are similar or different.	The researcher want to compare the current findings with those of three years ago.	-thelekisa	verb	ukuhlola izinto ukubona ukuba zifana okanye zahluke njani.	Umphandi ufuna ukuthelekisa iziphumo zangoku nezo zeminyaka emithathu eggithileyo.
compatible	adj	able to exist and perform in harmonious combination.	Their findings on the ecological impact of fracking are compatible with those of previous researchers.	-dibana	adj	ukubanako ukuphila nokusebenza ngendibano evanayo.	Iziphumo zabo kwiziphili nendawo eziphila kuyo nempembelelo yokuqhekeza ngamandla ziyadibana nezo zabaphandi bangaphambili.

compensate	verb	to pay somebody money for something.	The university compensated students for the injuries they sustained when the lift in the administration building fell one floor.	-buyekeza	verb	ukuhlawula umntu imali malunga nento.	Iyunivesithi ibuyekeza abafundi malunga neengozi abazifumeneyo xa ilifti kwisakhiwo solawulo isiswa umgangatho omnye.
compensate	verb	to balance, remove or mitigate the negative consequences of something.	The richness of the data compensated for the small sample.	-buyisela	verb	ukulinganisa, ukususa okanye ukunciphisa iziphumo ezibi zento.	Ubutyebi be-data bubuyekeze isampulu encinci.
competence	noun	the skill to perform a particular task.	Managers need the competence to develop global marketing strategies.	ubuchule	noun	ubuchule bokwenza umsebenzi othile.	Abaphathi bafuna isakhono sokuphuhlisa ubuchule bokuthengisa kwihlabathi.
compile	verb	to put together a list, document, book, report, etc. by assembling information.	The researcher compiled a research report after completing the study.	-qokelela	verb	dibanisa kunye uluhlu, uxwebhu, incwadi, ingxelo, njl. njl. ngokuqokelela ulwazi.	Umphandi uqokelele ingxelo yophando emva kokugqiba uphononongo.
compiler	noun	a person who puts parts or information together.	Richard Yates was the compiler of the short-story collection <i>Eleven Kinds of Loneliness</i> .	umqokeleli	noun	umntu obeka iinxenye okanye ulwazi kunye.	U-Richard Yates wayengumqokeleli wengqokelelo yamabali amafutshane i- <i>Eleven Kinds of Loneliness</i> .
complement	noun	something that provides additional qualities in order to improve or complete something else.	A picture would be the perfect complement to the text in explaining the concept.	isongezo	noun	into enikela ngeempawu ezongezelelweyo ngenjongo yokuphucula okanye ukugqibezela enye into.	Umfanekiso ungaba sisongezo esiqqibeleleyo kumbhalo ochaza ingqikelelo.
complement	verb	to add to something in a way that improves it or completes it.	The oral examination is designed to complement the written examination.	-zalisa	verb	ukongeza into ngendlela eyiphuculayo okanye eyizalisayo.	Uvavanyo lomlomo luyilelwe ukuzalisa uvavanyo olubhaliweyo.
component	noun	one of the individual parts making up a larger entity.	The primary components of sand are minerals such as feldspars and quartz.	ilungu	noun	enye yeenxenye zento ezenza into enkulu.	Amalungu esiseko esanti zizimbiwa ezifana ne-feldspars ne-quartz.
compound	noun	a whole formed by joining two or more elements or parts.	A compound of sleep and good eating habits are essential for good health.	imbumba	noun	imbumba edalwe ngokudibanisa iinxenye okanye amalungu amabini okanye angaphezulu.	Imbumba yokulala nemikhwa elungileyo yokutya iyafuneka malunga nempilo elungileyo.

comprehend	verb	to fully understand something that is complicated or difficult.	Entropy is a complex concept that is difficult to comprehend.	-qonda	verb	ukuqonda ngokupheleleyo into ephixeneyo nenzima.	I-Entropy yingqikelelo embaxa enzima ukuyiqonda.
comprehensive	adj	including all or everything.	She did a comprehensive study on the behaviour of the emotional bond between pets and people.	-qukayo	adj	ukuquka konke okanye yonke into.	Wenze uphononongo oluqukayo ngokuziphatha komdibaniso wovakalelo phakathi kwezilo-qabane nabantu.
comprise	verb	to be made up of; consist of.	Solar radiation comprises a range of wavelengths.	-quka	verb	ukwenziwa ngento; iquka.	Usasazo lwemitha lwe-solar luquka uluhlu lobude bamaza.
conceive	verb	to form an idea in your mind.	The mining project was originally conceived in 1905.	-cinga	verb	ukwakha umcamango engqondweni yakho.	Iprojekthi yokumba imigodi yacingwa ekuqaleni ngowe-1905.
conceive	verb	to imagine a particular situation.	It is very difficult to conceive of modern life without access to the internet.	-qiqqa	verb	ukuthelekelela imeko ethile.	Kunzima kakhulu ukuqiqqa kubomi bale mihla ngaphandle kokufikelela kwi-inthanethi.
concentrate	verb	to make denser, stronger or purer.	Hand soap, soft drinks and liquid medicine are concentrated solutions commonly found in the household.	-misa ingqondo	verb	ukwenza shinyeneyo nangakumbi, mandla nangakumbi okanye coceke nangakumbi.	Isephu yesandla, iziselo ezithambileyo neyeza elilulwelo zizinyibilikiso ezihlanganisiweyo ezifunyanwa ngokuqhelekileyo emakhaya.
concentrate	verb	to bring together.	The medical research laboratory is concentrating all its efforts on developing a vaccine for TB.	-hlanganisa	verb	ukuhlanganisa.	Ilebhu yophando yezamayeza ihlanganisa zonke iinzame zayo ekuphuhliseni isitofu se-TB.
concentrate	verb	to think very clearly.	Due to her illness she was unable to concentrate on anything.	-hlanganisa	verb	ukucinga ngokucace kakhulu.	Ngenxa yokugula kwakhe wayengakwazi ukumisa ingqondo nakwintonina.
concept	noun	an abstract or general idea.	I struggle to understand the concept of evolution.	ingqikelelo	noun	umcamango ongaphathekiyo okanye obanzi.	Ndiyazama ukuqonda ingqikelelo yendaleko.
concise	adj	giving only the information that is necessary or important.	Avoid long, complex sentences and repetition to keep your writing concise.	-futshane	adj	ukunika kuphela ulwazi olufunekayo okanye olubalulekileyo.	Phepha izivakalisi ezide, ezimbaxa neziphindaphindayo ukugcina ubhalo lwakho lulufutshane.
conclude	verb	to make a decision after considering all the information you have.	In the article he concludes that it is possible for poor countries to curb the spread of HIV.	-phelisa	verb	ukwenza isigqibo emva kokuqwalasela lonke ulwazi onalo.	Kwinqaku ugqiba ngokuthi kunokwenzeka ukuba amazwe ahluphekayo aphelise ukusasazeka kwe-HIV.

conclude	verb	to successfully complete something you have been doing, especially for a long time.	They followed up every possible lead and concluded the investigation after three years.	-gqiba	verb	ukugqiba ngempumelelo into obuyenza, ngokukodwa ithuba lexesha elide.	Balandele wonke umkhondo onokubakhona baze bagqiba uphando emva kweminyaka emithathu.
conclusion	noun	an opinion you reach after thinking about all the information.	The judge has reached a conclusion and will deliver his verdict next week.	isigqibo	noun	uluvo olufikelelayo emva kokucinga ngalo lonke ulwazi.	Ijaji ifikelele isigqibo yaye iya kuwisa isigwebo sayo kwiveki ezayo.
concur	verb	agree with somebody or something.	We concur with the decision of the Department of the Treasury to improve upon the proposal to define candidate-related political activity for social welfare groups.	-vumelana	verb	ukuvumelana nomntu okanye into.	Sivumelana nesigqibo seSebe loVimba kaRhulumente ukuphucula isindululo sokuchaza umsebenzi womgqatswa onxulumene nopolitiko malunga namaqela entlalo-ntle.
concurrent	adj	occurring or operating at the same time.	There are three concurrent music festivals around the city.	ngaxeshanye	adj	ukwenzeka okanye ukuqhubeka ngexesha elifanayo.	Kukho imibhiyozo emithathu eqhubeka ngaxeshanye ukujikeleza isixeko.
condemn	verb	to express very strong disapproval.	The international community condemned the acts of violence in the country.	-gweba	verb	ukuxela ukulandula okungamandla kakhulu.	Ibandla lezizwe ligwebe izenzo zobubhovubhovu kwilizwe.
conduct	verb	to perform or carry out.	The university conducted a survey into student responses to the newly implemented fee structure.	-khokela	verb	ukwenza okanye ukuphumeza.	Iyunivesithi ikhokele uvavanyo malunga nokusabela kwabafundi kwisakhelo semirhumo esisandula kufakwa entsebenzweni.
conduct	noun	the way a business, campaign, activity, etc. is organised or managed.	There is growing criticism of the conduct of the pharmaceutical companies in the Third World.	ukuziphatha	noun	indlela ishishini, iphulo, umsebenzi, njl. njl. uhlelwa okanye ulawulwa ngayo.	Kukho ukugxeka okukhulayo kwendlela yokuziphatha yeenkampani zamachiza kuMazwe aHlumayo.
confer	verb	to have a meeting in order to talk something over.	The two judges conferred with each other and agreed that the man should be sentenced to life in prison.	-cebisana	verb	ukubamba intlanganiso ngenjongo yokuxoxa ngomba othile.	Ijaji ezimbini ziye zacebisana yaye zavumelana ukuba indoda igwetyelwe ubomi entolongweni.
confer	verb	to give an honour, degree, title, etc. to someone.	A doctorate in engineering was conferred on him in 1998.	-thwesa	verb	ukunika iwonga, isidanga, isihlonipho, njl. njl. kumntu.	Wathweswa ubugqirha bobu-injineli ngowe-1998.
confine	verb	to place limits on; restrict.	Reading problems are not confined to school dropouts.	-sikelwa umda	verb	ukusika imida; ukuthintela.	Iingxaki zokufunda azisikelwanga umda kwabashiye isikolo phakathi.

confine	verb	to prevent something from spreading beyond a particular place or group.	Health officials have confined the foot and mouth epidemic to Kwazulu-Natal.	-valela	verb	ukuthintela into ekusasazekeni ngaphaya kwendawo okanye iqela elithile.	Amagosa empilo avalele indyikityha yesifo senyebethu (isifo sonyawo nomlomo) kwiphondo la-Kwazulu-Natala.
confirm	verb	to establish or strengthen as with new evidence or facts.	Further genetic tests confirmed the diagnosis.	-qinisekisa	verb	ukuseka okanye ukomeleza njengobungqina obutsha okanye iinyaniso.	limvavanyo ezongezelelweyo zofuzo ziqinisekise ufumaniso lwesifo ngokuxilongwa.
conflict	verb	to be very different to something, or to be in opposition to something.	These results conflict with earlier findings.	-chasana	verb	ukwahluka kakhulu kwinto, okanye ukuchasana nento.	Ezi ziphumo zichasene neziphumo zangaphambili.
conflict	noun	a situation where people are in serious disagreement.	Managing and resolving conflicts over natural resources may define global peace and security in the 21st century.	imbambano	noun	imeko apho abantu bekwimbambano engamandla.	Ukulawula nokusombulula iimbambano ngamancedo endalo kungachaza uxolo lwehlabathi nokhuseleko kwinkulungwane yama-21.
conform	verb	to be similar or in line with.	Some students feel the pressure to conform and not to be different.	-hambisana	verb	ukufana okanye ukuhambelana nento.	Abafundi abathile beva uxinzelelo lokuhambisana hayi ukungahambisani.
conform	verb	to obey a law, rule, etc.	New drugs must conform to the standards of the Medical Research Council.	-thobela	verb	ukuthobela umthetho wenkundla, umthetho, njl. njl.	Amachiza amatsha kufuneka athobele imigangatho ye-Medical Research Council.
connect	verb	to join together.	A pedestrian bridge connects the main campus with the south campus.	-dibanisa	verb	ukudibana kunye.	Ibrorho yabahambi-ngeenyawo idibanisa umhlaba wesikolo ongundoqo nomhlaba wesikolo osemzantsi.
connect	verb	to make a link between people, things, etc.	In his dissertation he attempted to connect the economic and cultural dimensions.	-hlanganisa	verb	ukwenza isihlanganisi phakathi kwabantu, izinto, njl. njl.	Kwithisisi yakhe uzame ukuhlanganisa uqoqosho nemilinganiso yenkcubeko.
consent	verb	to give an affirmative reply to; respond favourably to.	Since she is of age, her parents do not have to consent on her behalf.	-vuma	verb	ukunika impendulo evumayo; ukuphendula ngokulungeleyo.	Njengoko efikelele kubudala, abazali bakhe akufunekanga bavume egameni lakhe.
consent	noun	permission to do something.	You have to obtain informed consent from the respondents before the empirical part of the research can commence.	imvume	noun	imvume yokwenza into.	Kufuneka ufumane imvume esekelwe elwazini kubasabeli phambi kokuba inxenyeyophando lwemfundo ngamava ingaqalisa.

consent	noun	agreement about something.	By common consent, the board decided to ban rock music from the campus.	imvumelwano	noun	imvumelwano malunga nento.	Ngemvumelwano eqhelekileyo, ibhodi igqibe kwelokuba uvalwe umlomo umculo we-rock kumhlaba wesikolo.
consequence	noun	a result of something.	An immediate consequence of the Cold War in Russia was that military spending was cut dramatically and quickly.	isiphumo	noun	isiphumo sento.	Isiphumo sangoko nangoko se-Cold War (seMfazwe ngaMazwi) eRashiya yaba kukunciphisa iindleko zomkhosi ngamandla nangokukhawuleza.
consequent	adj	happening as a direct result or effect of an event or situation.	Rainforest destruction, and the consequent damage to the environment are now of primary concern in Central Africa.	-landelayo	adj	ukwenzeka njengesiphumo ngqo okanye isiphumo esilandela isiganeko okanye imeko.	Ukutshabalalisa ihlathi elinemvula eninzi nomonakalo olandelayo kwimekobume esingqongileyo ngoku zilixhala elingamandla kuMbindi weAfrika.
consider	verb	to think about or give attention to something that you are discussing or studying.	After carefully considering her research proposal, the research committee decided to accept it.	-qwalasela	verb	ukucinga ngento okanye ukunika inyameko kwinto enixoxa ngayo okanye eniyifundayo.	Emva kokuqwalasela ngononophelo isicelo sakhe sophando, ikomiti yophando ithathe isigqibo sokusamkela.
considerable	adj	large in number or amount or extent or degree.	They received a considerable amount of money from the company to fund the project.	-khulu	adj	inani elikhulu okanye ubungakanani obuphathekayo okanye umgama ovakalayo okanye iqondo elikhulu.	Bafumene ubungakanani bemali ephathekayo kwinkampani ukuba yinkxaso-mali yeprojekthi.
consist	verb	made up of.	Porcelain consists primarily of clays, feldspar or flint, and silica.	-quka	verb	fumbatha into.	I-porcelain iquka ngokungamandla udongwe, i-feldspar okanye ilitye leqhwitha, ne-silica (isiseko sesinyithi).
consistency	noun	the quality of always behaving in the same way.	Consistency in the use of tense is very important in the methodology section of the laboratory report.	ukungaguquququki	noun	ubulunga bokuphatheka ngamaxa onke ngokufanayo.	Ukungatshintshatshintshi ekusebenziseni ixesha kubaluleke kakhulu kwicandelo lomkhwa wengxelo yaselebhu.
consistency	noun	how thick, smooth or firm a liquid is.	The lump had a rubbery consistency.	ukuqina	noun	ulwelo lujiye, lugude okanye luqine kangakanani.	Isigaqa sinokuqina okwerabha.

consistent	adj	in agreement with something.	The results of the research are consistent with the hypothesis.	-vumelana	adj	ukuvumelana nento.	Iziphumo zophando zivumelana nengcinga ethathwa njengenyaniso.
consistent	adj	always behaving in the same way, and continuing for a period of time.	Government departments must be consistent in what they communicate.	-ngaguqukuguquki	adj	-eziphatha ngendlela efanayo lonke ixesha, neqhubekayo ithuba lexesha.	Amasebe karhulumente kufuneka angaguquguquki kwinto ayixelayo.
constant	adj	uninterrupted in time and indefinitely continuing.	The lecturer's constant encouragement motivated the students to succeed.	-zingisa	adj	ukungaphazanyiswa exesheni nokuqhubeka ngokungenasiphelo.	Inkuthazo ezingisileyo yomhlohli ikhuthaze abafundi ukuphumelela.
constant	noun	a thing, quantity or value that always stays the same.	In the world of business the only constant is a drive for profit.	-ngaguqukiyo	noun	into, ubungakanani okanye ixabiso elihlala lifana ngamaxa onke.	Kwilizwe lorhwebo ukuphela kwento engaguqukiyo kukufuna inzala.
constituent	noun	one of the parts that combine to form a whole.	Reading comprises of various constituents, such as basic decoding of information as well as comprehension.	ilungu	noun	elinye lamalungu adibana ukwenza into epheleleyo.	Ukufunda kuquka iintlobo ngeentlobo zamalungu, afana nokuguqula ulwazi lwesiseko kwakunye nokuqonda.
constitute	verb	to form or compose.	The nine provinces constitute the Republic of South Africa.	-bumba	verb	-ukwenza okanye ukubumba.	Amaphondo asithoba abumba iRiphabliki yoMzantsi Afrika.
constitute	verb	to be the same as something.	His whole idea is that if vicious people are united and constitute power, then honest folk must do the same.	-misa	verb	ukufana njengenye into.	Uluvo lwakhe lulonke luthi ukuba abantu abakhohlakeleyo bayadibana bamisele amandla, ngako abantu abanyanisekileyo kufuneka benze ngokufanayo.
constrain	verb	to hold back.	The study was constrained by time and financial resources.	-thintela	verb	-ukuthintela.	Uphononongo beluthintelwa lixesha namancedo ezemali.
construct	verb	to make by combining materials and parts.	The houses were constructed of stone and mud brick.	-akha	verb	-ukwenza ngokudibanisa izinto namalungu.	Izindlu bezisakhiwa ngamatye nezitena zodaka.
construct	verb	to form something, such as an idea, sentence, argument or piece of writing, by joining different words, ideas, etc.	Charlotte constructed her theory from personal experience and research.	-enza	verb	-ukwakha into, efana nomcamango, isivakalisi, impikiswano okanye inqaku elibhaliweyo, ngokudibanisa amagama ahlukeneyo, izimvo, njl. njl.	U-Charlotte wakhe ithiyori yakhe ukusuka kumava obuqu nophando.

construct	noun	a complex idea, belief or philosophy.	Race is largely a social construct influenced by social conditioning.	ukwakha	noun	-umcamango ombaxa, inkolo okanye ifilosofi.	Uhlanga ikakhulu lulwakhiwo lwezentlalo oluphembelelwa yimeko yezentlalo.
consult	verb	to go to a person, book, etc. for advice or information.	She will consult a dictionary to check the spelling of the words.	-cebisa	verb	-ukuya emntwini, kwincwadi, njl. njl. malunga necebiso okanye ulwazi.	Uza kukhangela isichazi-magama ukuhlola upelo lwamagama.
consult	verb	to talk and exchange ideas and opinions about something so that you can make a decision together.	Students are encouraged to consult with lecturers during consultation hours.	-cebisana	verb	-ukuthetha nokutshintshiselana ngemicamango nezimvo malunga nento ukuze nikwazi ukwenza isigqibo nikunye.	Abafundi bakhuthazwa ukucebisana nabahlohli ngexesha leemboniswano.
consume	verb	use up, e.g. resources or materials.	The dying of fabrics consumes large quantities of water.	-tya	verb	-ukusebenzisa, umz. imithombo yamancedo okanye iimpahla.	Ukudaya amalaphu kutya imithamo emikhulu yamanzi.
contemporary	adj	belonging to the present time.	Contemporary landscape artists have discarded the idea of a pretty picture in favour of a work of art that expresses social commentary.	-elo xesha	adj	-yeyexesha langoku.	Abazobi beli xesha bemboniselo yomhlaba bawulahlele umcamango womfanekiso omhle ngokubona kulunge umsebenzi wenkcubeko othetha ngezentlalo.
context	noun	the general situation, events or information relating to an idea or an event and helping it to be understood.	The introductory chapter of a dissertation has to describe the context within which the research is situated.	imeko	noun	-imeko ngokubanzi, iziganeko okanye ulwazi olunxulumene nomcamango okanye isiganeko nokunceda ukuba siqondwe.	Isahluko sentshayeleyo yethisisi sichaza imeko umxholo obekeke phakathi kwawo kuphando.
context	noun	the words and sentences that come before and after a particular word, and which help to make its meaning clear.	"Funny" can mean "strange" or "amusing", depending on the context.	umxholo	noun	amagama nezivakalisi eza ngaphambili okanye ngasemva kwegama elithile, yaye elinceda ukwenza intsingiselo yalo icace.	"eHlekisayo" angathetha "engaqhelekanga" okanye "eyolisayo", ngokuxhomekeke kumxholo.
contract	noun	a binding agreement which can be enforced by law.	The contract stipulated that the work had to be completed three months.	ikontrakta	noun	imvumelwano ebophelelayo enokunyanzeliswa ngomthetho.	Ikontrakta ibalula ukuba umsebenzi bekufuneka ugqitywe kwiinyanga ezintathu.

contract	verb	to make a formal agreement with somebody to do something.	The carpenter was contracted to do the work on the eastern side of the quadrangle by 30 November 1443.	-vumelana	verb	-ukwenza imvumelwano esesikweni nomntu ukwenza okuthile.	Umchweli unikwe imvumelwano yokwenza umsebenzi kwicala elisempuma lentendelezo embombo-ne ngomhla wama-30 Novemba 1443.
contradict	verb	to be very different from each other, said or written, to the extent that one may be wrong.	A statement he makes in a recent article contradicts a claim he made in an article published five years ago.	-khanyela	verb	-ukwahluka kakhulu omnye komnye, okutshiwo okanye okubhaliweyo, kangangokuba umntu unokwenza imposiso.	Ingxelo ayenze kwinqaku lakutsha nje ikhanyela ibango awalenza kwinqaku elapapashwa kwiminyaka emihlanu eyadlula.
contradict	verb	to prove negative; show to be false.	The vice president's statement contradicts the facts uncovered by journalists.	-phika	verb	ukungqina okungalunganga; bonisa ukuba yimposiso.	Ingxelo yosekela-mongameli iphika iinyaniso ezivumbululwe ziintatheli.
contradiction	noun	a lack of agreement between facts, opinions or actions.	If there are contradictions between sources you have to decide which one you believe, and find additional evidence to support it.	ukuphika	noun	-ukungabikho kwemvumelwano phakathi kweenyaniso, izimvo okanye izenzo.	Ukuba kukho iimpikiswano phakathi kwemithombo onayo ukuthatha isigqibo sokuba yeyiphi oyikholwayo, nokufumana ubungqina obongezelelweyo bokubuxhasa.
contrary	noun	completely different or the exact opposite.	He said that water contracts when it freezes; on the contrary, it expands.	isiphikiso	noun	-ukwahluka ngokupheleleyo okanye ukuphikisana ngqo.	Uthe amanzi ayafinyela xa ekhenkceka; isiphikiso sokuthi, ayanwebeka.
contrary	noun	the opposite of what has been said or done.	There is a sense that this runs contrary to the spirit of the agreement.	-chaseneyo	noun	-okuchasene nento ethethiweyo okanye eyenziweyo.	Khuko uluvo lokuba oku kuhamba ngokuchaseneyo nomoya wemvumelwano.
contrary	adj	completely different and opposed to another belief, opinion, idea or view.	This idea is contrary to the general view held by management.	-phikisanayo	adj	ehluka ngokupheleleyo yaye ephikisana nolunye ukholo, uluvo, umcamango okanye imbono.	Lo mcamango uphikisana nembono ngokubanzi ephethwe ngabaphathi.
contrast	verb	to compare two things in order to show the differences between them.	In the play the happy life of a simple working woman is contrasted with the unhappy life of her wealthy employer.	-thelekisa	verb	ukuthelekisa izinto ezimbini ngenjongo yokubonisa iimahluko phakathi kwazo.	Kumdlalo ubomi obumnandi bomfazi ozithobileyo osebenzayo buthelekiswa nobomi obungekho mnandi bomqeshi wakhe osisityebi.

contrast	noun	something that is very different from something else, especially when you put them next to each other.	Contrasts were observed between the two products in terms of price, functionality and durability.	umahluko	noun	into ehluke kakhulu kwenye, ngokukodwa xa uzibeka enye ecaleni kwenye.	limahluko ziqatshelwe phakathi kweemveliso ezimbini ngokwexabiso, ukusebenziseka nokuhlala ixesha elide.
contribute	verb	to give money or resources to achieve a particular purpose, or to pay for something.	The medical company contributed three crates of medicine to the new clinic.	-nikela	verb	ukunikela imali okanye amancedo ukufikelela injongo ethile, okanye ukuhlawulela into.	Inkampani yezamayeza inikele ngamabhokisi amathathu amayeza kwikliniki entsha.
contribute	verb	to write articles, stories, etc. that are published in journals, newspapers or magazines.	The professor contributed many important articles to South Africa's leading medical journal.	-bhalela	verb	ukubhala amanqaku, amabali, njl. njl. apapashwa kwijenali, amaphepha-ndaba okanye iimagazini.	Unjingalwazi ubhale amanqaku amaninzi abalulekileyo kwijenali eziphambili zempilo eMzantsi Afrika.
controversial	adj	causing a lot of public disagreement.	Nuclear power is a controversial issue and continues to elicit heated debates.	-enokuphikiswa	adj	edala iimpikiswano ezininzi zoluntu.	Amandla enyukliya ngumba onokuphikiswa noqhubekayo ukurhola iimpikiswano ezishushu.
controversy	noun	a public discussion about an issue that many people strongly disagree about.	As a result of the controversy with animal testing more media attention has occurred in terms of animal care in testing facilities.	impikiswano	noun	ingxoxo kawonke-wonke malunga nombaba abantu abaninzi baphikisana ngawo ngamandla.	Ngenxa yesiphumo sempikiswano ngovavanyo lweezilwanyana umdla ongezelelweyo wosasazo lweendaba wenzekile ngokwenkathalelo yeenyamakazi kumalungiselelo okuvavanya.
convene	verb	to come together for a formal meeting.	The AIDS conference convened in Durban in May.	-hlanganisa	verb	ukuhlangana kunye kwintlanganiso esesikweni.	Inggungquthela ye-AIDS ihlanganiswe eThekwini ngoMeyi.
converge	verb	to move towards the same place from different directions.	Longitudinal lines converge at the poles and are the farthest apart at the equator.	-hlangabezana	verb	ukuhamba ukuya kwindawo efanayo ukucela kwiimbombo ezahlukeneyo.	Imigca yobude ihlangabezana kwincam yaye igqagqelene ngeyona ndlela kwi-ikweyitha.
converge	verb	to stop being different and become similar in ideas, theories, societies, etc.	Their points of view converge when it comes to poverty relief.	-hlangabeza	verb	yekani ukwehlukana yaye nifane ngemicamango, iithiyori, imibutho, njl. njl.	Izimvo zabo zihlangabezana xa kubhekiswe kuncedo lwamahlwempu.

converse	verb	to carry on a discussion; talk.	The students like to converse with one another in their own languages, even though they all study in English.	-ncokola	verb	ukuqhuba incoko; ukuthetha.	Abafundi bayathanda ukuncokola ngeelwimi zabo, nangona bonke befunda isiNgesi.
converse	noun	the opposite of a fact, opinion or statement.	It is generally believed that hormones influence behaviour. However, the converse is also true: behaviour influences hormone secretion.	isiphikiso	noun	isiphikiso senyaniso, uluvo okanye ingxelo.	Kuyakholelwa ngokubanzi ukuba ii-hormone ziphembelela ukuziphatha. Nangona kunjalo, isiphikiso kananjalo siyinyaniso: ukuziphatha kuphembelela ukukhutshwa kwe-hormone.
convert	verb	to change the nature, purpose or function of something.	Today it is easy to convert conventional DVDs into blue-ray disks.	-guquka	verb	ukuguqula indalo, injongo okanye umsebenzi wento.	Namhlanje kulula ukuguqula ii-DVD eziqhelekileyo ukuya kwiidiski ze-blue-ray.
convert	verb	to persuade someone to change their beliefs, opinions or habits.	Many Christians think that Charles Darwin gave up believing his theory of evolution and that he converted to Christianity before he died.	-guqula	verb	ukucenga umntu ukutshintsha iinkolo, izimvo okanye imikhwa yakhe.	AmaKristu amaninzi acinga ukuba u-Charles Darwin wancama ukukholwa ithiyori yakhe yendaleko kwanokuthi waguqukela kubuKristu phambi kokuba asweleke.
convert	verb	to be changed from one purpose or form to another.	A neutron converts into a proton when an electron is emitted.	-guqulwe	verb	ukutshintshwa ukusuka kwenye injongo okanye imo ukuya kwenye.	I-neutron iguqulwa ukuba yi-proton xa i-electron ikhutshwa.
convert	noun	someone who has changed or been persuaded to change to a different religion, political belief, etc.	She did not think she would do her shopping online, but now she is a convert.	igqobhoka	noun	umntu otshintshileyo ocengwe ukutshintshela kunqulo, inkolo yepolitiko, njl. njl. ehluqileyo.	Bekengacingi ukuba angathenga nge-inthanethi, kodwa ngoku uligqobhoka.
convince	verb	to make someone realise the truth or validity of something.	Readers have to be convinced of an opinion by solid evidence.	-qinisekisa	verb	ukwenza umntu aqaphele inyaniso okanye ukubasemthethweni kwento.	Abafundi kufuneka baqinisekисwe ngoluvo ngobungqina obuphathekayo.
co-operate	verb	to work together on a common project.	The Economics Department cooperates with the Computer Science Department on all their large projects.	-sebenzisana	verb	ukusebenza kunye kwiprojekthi yesiqhelo.	Isebe loQoqosho lusebenzisana neSebe leNzululwazi yeKhompyutha kuzo zonke iiprojekthi zazo ezinkulu.
core	noun	the most vital or central part.	The core of engineering is problem-solving.	umphakathi	noun	eyona nxenye ibalulekileyo okanye iphakathi.	Umongo wobunjinieli kukusombulula iingxaki.

correlate	verb	to show that there is a close connection between two or more facts or figures.	Inadequate prenatal care correlates strongly with premature birth.	-nxulumanisa	verb	ukubonisa ukuba kukho unxulumano olusondeleyo phakathi kweenyaniso okanye imifanekiso emibini.	Inkathalelo engonelanga yaphambi kokubeleka inxulumana ngamandla nokubelekwa phambi kwexesha.
correlation	noun	a connection between two things in which one thing changes as the other does.	Research showed a clear correlation between poverty and crime.	unxulumano	noun	unxulumano phakathi kwezinto ezimbini apho enye into itshintsha njengoko nenye isenza njalo.	Uphando lubonise unxulumano olucacileyo phakathi kobuhlwempu nolwaphulo-mthetho.
correspond	verb	to be compatible, similar or consistent.	The witness's story corresponds to what can be seen on the video.	-ngqinelana	verb	ukungqinelana, ukufana okanye ukungatshintshi.	Ibali lengqina lingqinelana nento engabonwa kwividiyo.
create	verb	to cause something new or original to happen or exist.	Government promised to create more jobs.	-dala	verb	ukudala ukuba into entsha okanye yemvelo yenzeke okanye ibekhona.	Urhulumente uthembise ukudala imisebenzi eyongezelelweyo.
criterion	noun	a characteristic in terms of which something can be evaluated.	The performance management system defines the criteria by which employees are evaluated.	inqobo yokulinganisa	noun	uphawu elo into ingaxatyiswa ngalo.	Inkqubo yolawulo lokusebenza ichaza iinqobo zokuxabisa abasebenzi.
crucial	adj	of extreme importance.	Donations of food are crucial to the survivors of the flood.	-balulekileyo	adj	zibaluleke ngokugqithisileyo.	Izipho zokutya zibalulekile kwabasindileyo kwizikhukula.
cultivate	verb	to develop a way of thinking or behaving.	Video games are claimed to cultivate violence in some children.	-akha	verb	ukuphuhlisa indlela yokucinga okanye yokuziphatha.	Imidlalo yevidiyo kubangwa ukuba yakha ububhovubhovu kwabanye abantwana.
culture	noun	a particular society at a particular time and place.	Piercing of body parts is not a modern phenomenon; it has been practiced by ancient cultures.	inkcubeko	noun	umbutho othile ngexesha nendawo ethile.	Ukugqobhoza amalungu omzimba ayisiso isenzeko sangoku; bokusenziwa ziinkcubeko zamandulo.
culture	noun	the customs, social institutions, beliefs and arts shared by a particular society or civilisation.	Khoi-San culture is still preserved in rock paintings.	inkcubeko	noun	amasiko, amaziko ezentlalo, iinkolo nobugcisa kwabelwana ngazo luluntu okanye incubeko.	Inkcubeko yama-Khoi-San isalondolozwe kwimizobo yamawa.

culture	noun	activities such as art, music, literature, etc. which are considered important to a civilisation at a particular time.	The popular culture festival in Johannesburg is drawing thousands of visitors.	inkcubeko	noun	imisebenzi efana nobugcisa, umculo, uncwadi, njl. njl. eqwalaselwa ibalulekile kwinkcubeko ngexesha elithile.	Umbhiyozo odumileyo wenkcubeko e-Johannesburg utsala amawaka-waka abatyeleli.
currency	noun	the metal or paper medium of exchange that is used at present.	The South African currency unit is the Rand.	imali	noun	indlela yesinyithi okanye yephepha yotshintshiselwano esetyenziswa kule mihla.	Iyunithi yemali yaseMzantsi Afrika yiRandi.
currency	noun	an idea, word or custom which is accepted and used by many people.	The word "braai" has gained currency among English speakers.	ukusetyenziswa	noun	umcamango, igama okanye isithethe elamkelweyo nelisetyenziswa ngabantu abaninzi.	Igama elithi "braai" lifumene ukusetyenziswa ngabathethi besiNgesi.
cycle	noun	a periodically repeated sequence of events.	The prize is awarded in four-year cycles. This year it is awarded for autobiographies.	umjikelo	noun	uphindaphindo ngamaxesha athile lolandelelwano lweziganeko.	Ibhaso elinikelwa kwimjikelo yeminyaka emine. Kulo nyaka linikelwa malunga neembali zombhali ngokwakhe.
cycle	noun	one complete series of movements that completes an electrical, mechanical or electronic process.	They belong to the group of Protozoa, which have a double cycle of existence: (1) a sexual cycle in the body of the mosquito, (2) an asexual cycle in the blood of human beings	ingqokelelo	noun	ingqokelela enye epheleleyo yeentshukumo egqiba inkqubo yombane, yokulungisa okanye ye-elektroniki.	Zingena kwingqokelela ye-Protozoa, ezinomjikelo ophindwe kabini wokuphila: (1) umjikelo wezesini kumzimba wengcongconi, (2) umjikelo ongenguwe wesini kwigazi labantu.
data	noun	information, facts, measurements or observations which are examined to find out things.	A questionnaire will be used to collect the data.	iinkcukacha/data	noun	ulwazi, iinyaniso, imilinganiso okanye imigqaliselo ehlolelwayo ukufumana izinto.	Iphepha lemibuzo liya kusetyenziswa ukuqokelela iinkcukacha (i-data).
debate	verb	a discussion with reasons for and against some proposal so that you can make a decision or solve a problem.	Today the Department of Social Security will debate the provision of child support grants.	-xoxa	verb	ingxoxo nezizathu zokuxhasa nokuphikisana nesindululo esithile ukuze ubenako ukwenza isigqibo okanye ukusombulula ingxaki.	Namhlanje iSebe loKhuselo lwezeNtlalo liya kuxoxa ngonikelo lwezibonelelo zenkxaso yabantwana.

debate	noun	a discussion on a subject about which people's opinions differ.	The debate about "fundamentals" dominated the sitting of Parliament today.	ingxoxo	noun	ingxoxo malunga nesihloko eso abantu benezimvo ezahlukeneyo.	Ingxoxo malunga "neziseko" yongamelele ukuhlala kwePalamente namhlanje.
decade	noun	a period of 10 years.	She taught at the university for over a decade.	ishumi leminyaka	noun	ixesha leminyaka eli-10.	Ufundise eyunivesithi ngaphezulu kweminyaka elishumi.
decline	verb	to become smaller, fewer or weaker.	The number of new army recruits has declined from 20 000 to 13 000 a year.	-ncipha	verb	ukuba mncinanana, mbalwana okanye buthathakana.	Inani labagaywa abatsha emkhosini linciphile ukusuka kuma-20 000 ukuya kuma-13 000 ngonyaka.
decline	noun	a gradual lessening in the quantity, quality or importance of something.	There has been a decline in enthusiasm for long-term research projects.	ukuncipha	noun	ukuncipha kancinci kancinci kobuninzi, umgangatho okanye ukubaluleka kwento.	Kubekho ukuncipha komdla malunga neeprojekhi zophando zexesha elide.
decrease	verb	to continuously become fewer in number or less in value.	The population of the area has decreased drastically.	ukunciphisa	verb	ukuncipha okuqhubekayo ngenani okanye ngexabiso.	Abantu bommandla banciphe kakhulu.
decree	noun	an official order from a government or ruler that becomes the law.	The decree guaranteed freedom of speech for the media.	umthetho	noun	umyalelo osesikweni ovela kurhulumente okanye umlawuli ojika ube ngumthetho.	Umthetho uqinisekisa inkululeko yokuthetha malunga nokusasaza iindaba.
dedicate	verb	to say that a book, film, or piece of music was written, made, or composed to show affection or respect for a particular person or people.	I would like to dedicate my first book to my mother.	-nikezela	verb	ukuthi incwadi, ifilimi okanye inqaku lomculo elibhaliweyo, elenziwe, okanye laqanjwa ukubonisa uthando okanye intlonelo yomntu okanye abantu abakhethekileyo.	Ndingathanda ukunikezela incwadi yam yokuqala kumama wam.
dedicate	verb	to devote time and effort to something	He dedicated his life to justice for his fellow human beings.	-nikela	verb	unikela ixesha nomzamo kwinto.	Unikele ubomi bakhe kubulungisa ukwenzela abanye abantu.
deduce	verb	to form an opinion based on the information or evidence available.	Students sometimes deduce their own meaning through the poems.	-fikelela isigqibo	verb	ukwakha uluvo ngokusekelwe kulwazi okanye ubungqina obufumanekayo.	Ngamanye amaxesha abafundi bafikelela ezabo iintsingiselo ngemihobe.
defer	verb	to delay until a later time.	She deferred her decision to a later date.	-rhexisa	verb	ukubambeza kude kube lixesha lamva.	Urhoxise isigqibo sakhe ukuya kumhla wakamva.

defer	verb	to yield to somebody's judgement, usually because of respect.	When asked about possible solutions he deferred to the experts.	-thobela	verb	ukunikezela kwisigwebo somnye umntu, ngamaxa amaninzi ngenxa yentlonipho.	Xa ubuzwa malunga nezisombululo ezinokubakho uthobela iingcali.
deficient	adj	not containing or having enough of something that is needed for proper functioning.	This diet is deficient in vitamin A and C.	-swelayo	adj	ukungaqulathi into eyaneleyo efunekayo malunga nokusebenza ngokukuko.	Esi sidlo siswela u-vitamin A no-C.
define	verb	to provide the characteristics of something to distinguish it from other things.	In the introduction to your dissertation you need to define core concepts.	-chaza	verb	ukunikela ngeempawu zento ukuyahlula kwezinye izinto.	Intshayelelo kwthisisi yakho kufuneka ichaze iingcamango ezingundoqo.
definite	adj	precise; explicit and clearly defined.	The website offers no definite answers to my questions about the software.	-cacileyo	adj	ichazwe ngqo; ngokukodwa nangokucacileyo.	Iwebhusayithi ayinikeli ngeependulo kwimibuzo malunga nezincedisi (i-software).
definition	noun	exact statement of the meaning of something.	A training group is by definition a group that participants join to learn, usually through experience.	inkcazelo	noun	ingxelo ngqo yentsingiselo yento.	Iqela loqeqesho lelo ngenkcazelo abathatha inxaxheba bezimanya ukufunda, ngamaxa amaninzi ngamava.
deliberate	verb	to think very carefully about something so that you can make a decision.	After having deliberated for two hours, the committee decided to support the motion.	-camngca	verb	ukucinga ngononophelo kakhulu malunga nento ukuze ukwazi ukwenza isigqibo.	Emva kokucamngca iiyure ezimbini, ikomiti ithathe isigqibo sokuxhasa isindululo.
deliberate	adj	slow and careful, e.g. a movement, thought or speech.	The police force made a deliberate attempt at reducing crime in the area.	-ngabom	adj	ngokucutha nangononophelo, umz. intshukumo, ingcinga okanye intetho.	Umkhosi wamapolisa wenze umzamo wangabom wokunciphisa ulwaphulo-mthetho kummandla.
deliberation	noun	the process of carefully discussing something.	To give time for raising funds and deliberation, the property was re-let for a year to the original purchaser.	ingxoxo	noun	inkqubo yokuxoxa ngononophelo ngento.	Ukunika ixesha lokuphakamisa ingxowamali neengxoxo, ipropati yaqeshiswa kwakhona ithuba lonyaka kumthengi wokuqala.
demonstrate	verb	to show or prove something.	The figure below demonstrates the extent to which the land became less arable.	-bonisa	verb	ukubonisa okanye ukungqina into.	Umfanekiso ongezantsi ubonisa umgama lowo umhlaba wehlile ukuba ngamasimi.

demonstrate	verb	to show that you have a skill, quality, ability or feeling.	She demonstrated her love for children by volunteering at an orphanage.	-yazisa	verb	ukubonisa ukuba unobuchule, isakhono, ulwazi okanye uvelwano.	Ubonise uthando lwakhe lwabantwana ngokuzithandela ukucenda kwikhaya leenkedama.
denote	verb	to give a sign or indication of.	On the periodic table the element sodium is denoted by the symbol Na.	-lathisa	verb	ukunika uphawu okanye umqondiso wento.	Kuluhlu lwamaxesha ilungu i-sodium lalathiswa ngophawu u-Na.
denote	verb	to mean.	The acronym <i>AIDS</i> denotes Acquired Immune Deficiency Syndrome.	-xela	verb	ukuxela.	Iakhronimi i- <i>AIDS</i> ixela i-Acquired Immune Deficiency Syndrome (uGawulayo).
dense	adj	when a piece of writing is difficult to understand because it contains a great many ideas and information, and uses difficult language.	Her writing is so dense that only other experts in the field understand it.	-xineneyo	adj	xa isiqendu sombhali kunzima ukusiqonda ngenxa yokuba siqulathe imicamango emininzi nolwazi, yaye usebenzisa ulwimi olunzima.	Umbhalo wakhe uxinene kakhulu kangokuba zezinye iincutshe kuphela emsebenzini eziwuqondayo.
dense	adj	containing many people or objects with little space between them.	The path became more indistinct with each step, eventually coming to an end in dense underbrush.	-shinyeneyo	adj	equlathe abantu okanye izinto ezininzi apho kukho isithuba esincinci phakathi kwazo.	Indlela yaqhubeka ukungacaci ngenyathelo ngalinye, ekugqibeleni yafika esiphelweni kumatyholo ashinyeneyo.
deny	verb	to declare that something is untrue.	He denied that he cheated during the test.	-phika	verb	ukubhengeza ukuba into ethile asiyonyaniso.	Uphikile ukuba uye wenza ubuqhetseba ngexesha lovavanyo.
deny	verb	to reject something as false and to refuse to believe, accept or acknowledge something.	The company denied responsibility for the accident.	-khanyela	verb	ukulandula into njengobuxoki nokwala ukukholwa, ukwamkela okanye ukuvuma into.	Inkampani ikhanyela uxanduva lwengozi.
depress	verb	to make the value of prices or wages lower.	Food aid usually depresses food prices in the benefitting country.	-cinezela	verb	ukwenza imali yamaxabiso okanye yemivuzo yehle.	Uncedo lokutya ludla ngokucinezela amaxabiso okutya kwilizwe elifumana uncedo.
derive	verb	calculate, discover or establish something using the available information.	The great problem for the Realists is how to derive the individual from the universal.	-fumana	verb	bala, bhaqa okanye seka into usebenzisa ulwazi olufumanekayo.	Ingxaki enkulu yabantu Abathatha izinto njengoko zinjalo yindlela yokwahlula umntu ozimeleyo kwisininzi.
describe	verb	to give an account of what something is like.	Describe in detail how a solar-powered geyser works.	-cacisa	verb	ukunika inkcazelo yokuba into ethile injani.	Cacisa ngokunzulu indlela esebenza ngayo igeyizara esebenzisa amandla elanga.

description	noun	speech or writing that gives an account of what something is like.	He obtained a full description of the man and his vehicle and the license plate number.	inkcazelo	noun	intetho okanye umbhalo onika inkcazelo yokuba into ethile injani.	Ufumene inkcazelo epeheleyo yendoda nesithuthi sayo kunye nenani lepleyiti yelayisensi.
design	noun	the way that something looks, works or is used.	The new arts building has an art nouveau design.	uyilo	noun	indlela ekhangeleka ngayo, esebenza ngayo okanye esetyenziswa ngayo into.	Isakhiwo esitsha sobugcisa sinoyilo olutsha lobugcisa.
design	noun	a detailed drawing or plan of something to show how it will work and how you will make it.	She submitted a number of designs for the fashion show in September.	ingqaleko	noun	umzobo okanye isicwangciso esinzulu sento eza kuboniswa nokuthi iya kusebenza njani nokuthi uya kuyenza njani.	Uthumele inani leziyilo malunga nomboniso wefeshini ngoSeptemba.
design	noun	an overall plan or intention that you have in your mind when you do something.	It was unclear whether the explosion was an accident or whether it happened by design.	intelekelelo	noun	isicwangciso sisonke okanye injongo onayo engqondweni xa usenza into ethile.	Intelekelelo ibingacacanga nokuba isiqhushumbisi besiyingozi okanye oko kwenzeka ngokoyilo.
design	verb	to make a drawing, plan or model of something from which the thing can be built or made.	The software engineers will design a text to speech app for the new cell phone.	-yila	verb	ukwenza umzobo, isicwangciso okanye umzekelo wento ekuya kwakhiwa okanye kuyilwe ukusuka kuyo.	ii-Njineli zobucukubhede ziya kunikela abavelisi ngoyilo malunga nokusebenzisa umbhalo ukuya kwintetho.
design	verb	to plan or develop something that is intended for a specific purpose.	The syllabus was designed for the five-year programme.	-thelekelela	verb	ukucwangcisa okanye ukuphuhlisa into eyenzelwe injongo ekhethekileyo.	Isilabhasi ibithelekelelwa inkqubo yeminyaka emihlanu.
detect	verb	to discover or determine.	The disease can be cured if it is detected early.	-bhaqa	verb	ukubhaqa okanye ukumisela.	Isifo singanyangwa ukuba sibhaqwe kwangoko.
determine	verb	to discover the facts about something.	The financial needs of students must be determined.	-misela	verb	ukumisela iinyaniso malunga nento.	lintswelo zabafundi zemali kufuneka zimiselwe.
detriment	noun	disadvantage or damage, harm or loss.	Writing skills are given too much importance to the detriment of speaking skills.	isonakaliso	noun	ukungabinancedo okanye ukonakala, ingozi okanye ilahleko, eyonakalisa into.	Izakhono zokubhala zinikwa ukubaluleka okukhulu ngendlela eyonakalisa izakhono zokuthetha.

develop	verb	gradually grow or become bigger.	The sprout developed into a flower.	-khulisa	verb	ukukhula kancinci kancinci okanye ukuba nkulu nangakumbi.	Isithombo sikhuliswe ukuba yintyatyambo.
develop	verb	to produce a new system, method, product, etc.	The company developed a new system to use less electricity.	-velisa	verb	ukuvelisa inkqubo, indlela, imveliso entsha, njl. njl.	Inkampani ivelise inkqubo entsha yokusebenzisa umbane onganeno.
deviate	verb	to do something differently from the accepted way of doing it.	The plane was forced to deviate from its usual route because of a storm.	-phambuka	verb	ukwenza into ngokwahlukileyo kwindlela eyamkelweyo yokuyenza.	Inqwelomoya inyanzelwe ukuphambuka kwindlela yayo yesiqhelo ngenxa yesaqhwithi.
device	noun	an instrument or appliance invented for a particular purpose.	Internet access is now available on a variety of hand-held devices.	Icebo	noun	isisetiyenziswa okanye isixhobo esiveliselwe injongo ethile.	Ufikelelo kwi-inthanethi ngoku luyafumaneka kumacebo ezixhobo eziphathwa ngesandla.
devise	verb	to plan, create, work out or invent something (a system, plan, machine, etc.) complicated or clever in your mind.	The engineer devised a clever plan to save the bridge from the flood waters.	-yila	verb	ukucwangcisa, ukuyila, ukusebenza okanye ukuvelisa into (inkqubo, isicwangciso, umatshini, njl. njl.) entsonkothileyo okanye yobulumko engqondweni yakho.	I-injineli iyile icebo lobulumko lokukhusela ibrorho kumanzi ezikhukula.
devote	verb	to give most of your attention or time to someone or something.	He devoted himself to educating street children.	-zinikela	verb	ukunikela uninzi lwengqalelo okanye lwexesha lakho kumntu okanye into.	Uzinikele ekufundiseni abantwana abahlala esitalatweni.
devote	verb	to use a certain amount of space or time in a piece of writing/speech on a particular subject.	The first part of the dean's speech was devoted to explaining the university's language policy.	-nikela	verb	ukunikela isithuba esithule okanye ixesha kumbhalo/intetho ngesihloko esithile.	Icandelo lokuqala lentetho yedini yezemfundo ibinikela inkcazelo yepolisi yolwimi lwaseyunivesithi.
diagram	noun	a simple line drawing, sketch or plan which explains or illustrates what something (a machine, a process, etc.) looks like or how it works.	The diagrams in the engineering textbook made the work easier to understand.	isazobe	noun	umzobo olula womgca wesiketshi okanye isicwangciso esichaza okanye esizoba into ethile (umatshini, inkqubo, njl. njl.) ukhangeleka njani okanye usebenza njani.	Iidayagramu (izazobe) kwincwadi yezifundo ze-injineli zenze kube lula nangakumbi ukuqonda umsebenzi.

dictate	verb	to tell someone how they should behave and what they must do.	The education department dictates many things to schools.	-bizela	verb	ukuxelela abantu indlela ekufuneka baziphathe ngayo okanye into ekufuneka bayenze.	Isebe lemfundo liyalela izinto ezininzi ezikolweni.
dictate	verb	to control how something happens.	Her selection of research sites was dictated by availability.	-yalela	verb	ukulawula ukuba into ethile yenzeka njani.	Ukhetho lwakhe lweziza zophando beluyalelwa kukufumaneka.
differ	verb	be different from something or somebody.	The third set of data differed considerably from the second set of data.	-ahluka	verb	ukwahluka kwenye into okanye komnye umntu.	Iseti yesithathu ye-data yahluke kakhulu kwiseti yesibini ye-data.
differentiate	verb	to recognise or show what makes one thing different from another.	In some countries tax law differentiates between married and unmarried individuals.	-ahlula	verb	ukuqonda okanye ukubonisa into eyenza ukuba enye into yahluke kwenye.	Kwamanye amazwe umthetho werhafu wahlula phakathi kwabantu abatshatileyo nabangatshatanga.
diffuse	verb	to make available and spread knowledge, ideas, information, etc. over a wide area or to many people.	The facts about AIDS have been diffused across rural Africa.	-phangalala	verb	ukwenza ulwazi, izimvo, iinkcukacha, njl. njl. zifumaneke yaye ziphangalale kummandla obanzi okanye kubantu abaninzi.	Iinyaniso malunga ne-AIDS ziphangalele kumaphandle aseAfrika.
diffuse	adj	spread out over a large area.	The diffuse population in the rural area was difficult to reach by health care workers.	-sasazekileyo	adj	ukusasazeka kummandla omkhulu.	Uluntu olusasazekileyo kwimimandla esemaphandleni belufikelelwe nzima ngabasebenzi benkathalelo yempilo.
diffuse	adj	vague, indirect or difficult to understand or explain.	The translation, which is diffuse and by no means close, fails to reproduce the spirit of the original.	-ntyuntyayo	adj	ubuze, ukungathi ngqo okanye ubunzima bokuqonda okanye ukuchaza.	Uguqulelo, oluntyuntyayo olungazami nakancinci ukusondela, luyasilela ukuvelisa kwakhona umoya wemveli.
digest	verb	to think about information, especially if there is a lot of it or it is difficult to understand, so that you can understand it.	He found the feedback hard to digest.	-etyisa	verb	ukucinga malunga nolwazi, ngokukodwa ukuba luninzi okanye kunzima ukuluqonda ukuze ukwazi ukuluqonda.	Ufumanise kunzima ukwetyisa ingxelo.
dimension	noun	a feature distinguishing objects or people.	The dimension of quality has not been included in the evaluation instrument.	umlinganiso	noun	uphawu olwahlula izinto okanye abantu.	Umlinganiso womgangatho awuqukwanga kwisixhobo sokuxabisa.

diminish	verb	to become less or weaker.	The capacity for the enjoyment of the rights to life and human dignity is significantly diminished by poor health.	-nciphisa	verb	ukuncipha okanye ubuthathaka.	Isakhono sokonwabela amalungelo okuphila nesidima sobuntu sincitshiswe kakhulu yimpilo esilelayo.
discern	verb	to be aware of something or understand it after looking at it or thinking about it carefully.	Kant discerned an overall pattern in human history.	-nakana	verb	ukuqaphela into okanye ukuyiqonda emva kokuyijonga okanye ukucinga ngayo ngononophelo.	Akwazeki ukunakana ipatroni iyonke yembali yoluntu.
discourse	noun	a point of view shared by a specific social group, often expressed in writing.	She contributed to the discourse on liberalism in Africa.	isifundo	noun	imo yembono ekwabelwana ngayo liqela elithile lezentlalo, idla ngokuvakaliswa kwimibhalo.	Unikele ngegalelo kwisifundo sencoko yenkululeko eAfrika.
discourse	noun	the language used in a particular context.	In scientific discourse it is essential to give hard facts and evidence.	intetho	noun	ulwimi olusetyenziswa kumxholo othile.	Kwintetho yezenzululwazi kuyimfuneko ukunikela ngeenyaniso eziphathekayo nobungqina.
discrete	adj	making up a separate entity or part.	As I didn't want to be seen I walked a discrete distance behind her.	-odwa	adj	ukwenza into eyodwa okanye inxenye ehlukileyo.	Njengoko bendingafuni kubonwa ndihamba ndihambe umgama okhuselayo emva kwakhe.
discuss	verb	to talk or write about something in detail.	The research findings were discussed in detail in his doctoral thesis.	-xoxa	verb	ukuthetha okanye ukubhala ngento ngokubanzi.	Iziphumo zophando kuxoxwe ngazo ngokunzulu kwithisisi yakhe yobugqirha.
discuss	verb	to consider a problem or an issue from more than one point of view.	The essay discussed the pros and cons of euthanasia.	ukuxoxa	verb	ukuqwalasela ingxaki okanye umba ovela kwimbono engaphezulu kweyodwa.	Isincoko sixoxa ngezibakala zokuvumelana nokuphikisana ngokubulala ngesisa umntu osentlungwini.
disperse	verb	to separate and spread something in different directions.	The security guards dispersed the angry crowd outside the bank.	-chitha	verb	ukwahlula nokusasaza into kwiinkalo ezahlukeneyo.	Oonogada bokhuselo bachithe isihlwele esicaphukayo ngaphandle kwebhanki.
disperse	verb	to spread over a wide area.	The seeds of the dandelion plant are dispersed by the wind.	-sasaza	verb	ukusasaza kummandla obanzi.	Iimbewu zesityalo se-dandelion zisasazwa ngumoya.

displace	verb	to cause to move, usually with force or pressure.	In her autobiography she writes about having been displaced many times during her school career.	-shenxisa	verb	imbangi yokushenxiswa, ngamaxa amaninzi ngamandla okanye ngoxinzelelo.	Kwimbali yokubhala ngobuyena ubhala malunga nokushenxiswa amaxa amaninzi ngexesha lokufunda kwakhe esikolweni.
display	verb	to show in order to communicate a particular idea.	Learners displayed their projects at the science expo.	-bonisa	verb	ukubonisa ngenjongo yokunxibelelana ngoluvo oluthile.	Abafundi babonise iiprojekthi zabo kumboniso wenzululwazi.
dispose	verb	to throw away.	Domestic waste is disposed of by municipal services.	-lahla	verb	ukulahla.	Inkunkuma yekhaya ilahlwa ziinkonzo zikamasipala.
dispose	verb	to transfer control of something, for example by selling it.	The trust may not dispose of its assets unless all the trustees are in support.	-phisa	verb	ukugqithisa ulawulo lwento, umzekelo, ngokuyithengisa.	Itrasti akufuneki iphise ngempahla yayo ngaphandle xa bonke abaphathiswa betrasti beyixhasa.
dispose	verb	likely to deal with a problem, task or question.	The research claims that people are more favourably disposed to those with similar personalities.	-gqiba	verb	ithemba lokujongana nengxaki, umsebenzi okanye umbuzo.	Uphando lugqiba kwelokuba abantu bathanda abo abaneempawu zobuntu ezifana nezabo.
disposition	noun	the natural qualities of a person's character.	His disposition was to always see the good in other people.	isimilo	noun	iimpawu zendalo zesimilo somntu.	Isimilo sakhe kukubona ubuhle ngamaxa amaninzi kwabanye abantu.
dispute	noun	an argument or disagreement between countries, people or groups.	The two countries are involved in a border dispute.	impikiswano	noun	impikiswano okanye ukungavumelani phakathi kwamazwe, kwabantu okanye kwamaqela.	Amazwe amabini abandakanyeka kwimpikiswano ngomda.
dispute	verb	to be argued about or questioned.	These matters are in dispute.	-phikisana	verb	kuphikiswana ngayo okanye kuyabuzwa.	Le miba iyaphikisana.
dispute	verb	to question whether something is true.	They do not dispute whether God exist, but what he is.	-xabana	verb	ukubuza nokuba into iyinyaniso.	Abaxabani ngokuba uThixo ukhona okanye hayi, kodwa ukuba uyintoni.
dissertation	noun	a longish piece of writing about a particular subject that is done to earn an advanced degree at a university [also see thesis below]	An example of a dissertation is a document that a postgraduate student writes to complete a master's programme or degree.	ithisisi	noun	isiqendu esidana sombhalo malunga nesihloko esithile esenziwa ukufumana isidanga esihambele phambili eyunivesithi [kananjalo jonga ithisisi].	Umzekelo wethisisi luxwebhu olubhalwa ngumfundi wesidanga esingaphezulu kwesokuqala ukugqiba inkqubo okanye isidanga see-masters.

dissipate	verb	to scatter or make something become less strong until it disappears completely.	His fear dissipated when he met his opponent face to face.	-sasaza	verb	ukusasaza okanye ukwenza into inciphe amandla okanye inyamalale kwaphela.	Uloyiko lwakhe luye lwasasazeka xa ebonana ubuso ngobuso nomntu ophikisana naye.
dissolve	verb	to officially end or break up an organisation or institution.	The marriage was dissolved in 1954.	-phelisa	verb	ukuphelisa ngokusemthethweni okanye ukuphelisa umbutho okanye iziko.	Umtshato wapheliswa ngowe-1954.
distinct	adj	clearly different, separate or of a different type from something.	The distinct characteristics of the diplodocus (a dinosaur) is described in this chapter.	-hlukileyo	adj	zahluke ngokucacileyo, yahlukile okanye yeyohlobo olungafaniyo nolunye.	limpawu ezahluke ngokucacileyo ze-diplodocus (i-dinosaur) ziyachazwa kwesi sahluko.
distinct	adj	a clear and definite thought, feeling, intention, etc.	The professor had distinct ideas about how a research project should be run.	-cacileyo	adj	umcamango, injongo, njl. njl. ocacileyo noqinisekileyo.	Unjingalwazi ubenezimvo ezicacileyo malunga nendlela iprojekthi yophando kufuneka iqhutywe ngayo.
distinction	noun	a clear difference.	A distinction is made between written and spoken language.	umahluko	noun	umahluko ocacileyo.	Umahluko uyenziwa phakathi kolwimi olubhaliweyo noluthethiweyo.
distinctive	adj	having a quality or characteristic that makes something different.	The lemon juice will give the dish a distinctive flavour.	-ahlukileyo	adj	ukuba nomgangatho okanye uphawu oluyenza ibe yehlukileyo.	Incindi yelamuni iya kunika incasa ehlukelelo.
distort	verb	to change the shape of something.	Her face was distorted with anger as she ran out of the room.	-jika	verb	ukutshintsha isakhiwo sento.	Ubuso bakhe babujikile ngumsindo xeshikweni ebaleka ukuphuma egumbini.
distort	verb	to report or explain a fact, statement, idea, etc. so that its real meaning changes and it becomes untrue.	He was accused of distorting the facts in his testimony.	-jija	verb	ukuxela okanye ukuchaza inyaniso, ingxelo, uluvo, njl. njl., ukuze intsingiselo yayo yokwenene itshintshe yaye ibe bubuxoki.	Wayetyholwa ngokujija iinyaniso kubungqina bakhe.

distribute	verb	to divide or share out things such as food, medicine, books etc. among several people.	Volunteers distributed food to the starving victims of famine.	-aba	verb	ukwahlula okanye ukwabelana ngezinto ezifana nokutya, amayeza, iincwadi, njl. njl., phakathi kwabantu abaliqela.	Amavoluntiya aye abela amaxhoba endlala alambileyo ukutya.
distribute	verb	to spread over a certain area.	The seeds must be distributed evenly over the flowerbed.	-sasaza	verb	ukusasaza kummandla othile.	Imbewu kufuneka isasazwe ngokulinganayo kwisitiya seentyatyambo.
distribution	noun	the way that something is spread over a certain area.	The food and clothes are collected for distribution among the needy.	ulwabiwo	noun	indlela esasazwa ngayo kummandla othile.	Ukutya neempahla ziyaqokelelwa ukwenzela ulwabiwo phakathi kwamahlwempu.
diverge	verb	to separate and go in different directions.	The path follows the course of the river for a while, but diverges from the river in order to head into town.	-phambuka	verb	ukwahlukana nokuya kwiimbombo ezahlukeneyo.	Indlela ilandela umzila womlambo umgama othile, kodwa utshintshe emlanjeni ngenjongo yokungena edolophini.
diverge	verb	when something that used to be the same or similar to something else becomes different or develops differently.	We used to work together, but at a certain point our interests diverged and we had to part company.	-tenxa	verb	xa into ebidla ngokufana nento ethile ihlukana okanye iphuhla ngokwahlukeneyo.	Besidla ngokusebenza kunye, kodwa kwindawo ethile imidla yatenxa yaye kwafuneka inkampani yahlukane.
diverse	adj	very different from one another.	The region was occupied by many diverse tribes.	-ahlukileyo	adj	zahluke kakhulu enye kwenye.	Ummandla ubuhlalwa zizizwe ezahlukileyo.
diversity	noun	range of people or things that are very different from one another.	There is a diversity of languages being taught at the university.	uphambuko	noun	uluhlu lwabantu lwezinto ezihluke kakhulu enye kwenye.	Kukho iilwimi eziphambukileyo ezifundiswa eyunivesithi.
division	noun	the process of dividing things into different groups or parts.	According to Marx the division between rich and poor determined all other issues.	ulwahlulo	noun	inkqubo yokwahlula izinto ngamaqela okanye iinxenye ezahlukeneyo.	Ngokuya ngokuka-Marx ulwahlulo phakathi kwezityebi namahlwempu kumisela eminye imiba.
doctrine	noun	a set of beliefs or principles, especially ones that form a main part of a philosophy, religion, etc.	My purpose in this chapter will not be to persuade the reader of any political doctrine.	imfundiso	noun	iseti yeenkolo okanye imigqaliselo, ngokukodwa eyinxalenye enkulu yefilosofi, ukholo, njl. njl.	Injongo yam kwesi sahluko ayinakuba kukuthunza umfundi nayiphi imfundiso yopolitiko.

document	noun	printed text and graphics for a specific purpose, e.g. to provide information.	These documents will serve as proof in the court case.	uxwebhu	noun	umbhalo oshicilelweyo nemifanekiso yenjongo ethile umz. ukunikela ngolwazi.	La maxwebhu aya kusebenza njengobungqina kwityala lasenkundleni.
document	verb	to create a record of.	The phenomenon has been documented by various researchers.	-bhala uxwebhu	verb	ukubhala irekhodi yento.	Isenzeko sibhaliwe kumaxwebhu ngabaphandi beentlobo ngeentlobo.
domain	noun	area of knowledge or activity.	Based on his research, the domain of epidemic diseases of plants was opened up to investigation.	ummandla	noun	ummandla wolwazi okanye womsebenzi.	Ngokusekelwe kuphando lwakhe, ummandla wendyikityha yezifo zezityalo uvulelwe uphando.
dominate	verb	to control or have a strong influence over something or someone.	It was important to France to dominate the valleys of the Alps and the Rhine.	-lawula	verb	ukulawula okanye ukuba nefuthe elingamandla phezu kwento okanye umntu.	Kwakubalulekile kwiFransi ukulawula iintlambo ze-Alps ne-Rhine.
dominate	verb	to be the most important person or thing in a situation.	AIDS issues dominate debates on primary health care in South Africa.	-velela	verb	ukuba ngoyena mntu okanye into ebalulekileyo kwimeko.	Imiba ye-AIDS ivelela ngamandla kwiimpikiswano zenkathalelo yempilo eMzantsi Afrika.
doubt	verb	to be sceptical about.	There is sufficient evidence to doubt her claims.	-thandabuza	verb	ukuthandabuza malunga nento.	Kukho ubungqina obaneleyo bokuthandabuza amabango akhe.
doubt	noun	scepticism, a measure of distrust.	Some doubt has been cast upon the authenticity of the painting.	intandabuzo	noun	ukungakholwa, umlinganiso wokungathembi.	Kukho intandabuzo ethile malunga nobunyani bemizobo.
draft	verb	to compile a first or preliminary version.	She drafted a preliminary version of the report.	-yila	verb	ukuyila inguqulo yokuqala.	Uyile inguqulo yokuqala yengxelo.
draft	noun	any version of a document before the final version.	You must submit your first draft to your tutor.	uyilo	noun	nayiphina inguqulo yoxwebhu phambi kwenguqulo yokugqibela.	Kufuneka unikele uyilo lwakho lokuqala kumhlohli wakho.
duration	noun	the period of time during which something continues.	For the duration of the lecture, students were not allowed to leave the lecture hall.	umgama	noun	isithuba sexesha xa into ethile iqhubeka.	Ngexesha lomgama wesifundo, abafundi bebengavuyelwa ukushiya iholo lokufunda.
dynamic	noun	the way in which things or people behave, react and change one another, usually plural.	His book was the first successful attempt to deal with the dynamics of a system.	amandla	noun	indlela leyo izinto okanye abantu baziphatha ngayo, basabela ngayo nokutshintshana, ikakhulu ngobuninzi.	Incwadi yakhe yayingumzamo wokuqala onempumelelo yokujongana namandla enkqubo.

dynamic	noun	something that causes change or action.	Capitalism is a dynamic of economic change.	intshukumo	noun	into edala utshintsho okanye intshukumo.	Ubukapitali yintshukumo yotshintsho loqoqosho.
dynamic	adj	full of energy, new and exciting ideas and ambitious.	He was a dynamic doctor who revitalised the whole clinic.	-enamandla	adj	ukuba namandla apheleleyo, izimvo ezidala ihlombe nezivuselela umnqweno.	Wayengugqirha onamandla okuvuselela yonke ikliniki.
dynamic	adj	active, energetic and continuously moving or changing.	Educational reform has to be a dynamic process to keep up with students' changing needs.	-eshukumayo	adj	izinto ezisebenzayo, ezinamandla nezishukumayo okanye ezitshintsha ngokuqhubekayo.	Uvuselelo lwefundo kufuneka lube yinkqubo eshukumayo ukuhambelana neentswelo zabafundi ezitshintshayo.
economic	adj	connected with the trade, industry or development of wealth of a country.	The relative value of currency is directly linked to the economic stability of a country.	-eyoqoqosho	adj	edibana norhwebo, ishishini okanye uphuhliso loqoqosho lwelizwe.	Ixabiso eliqhelekileyo lemali lidibana ngqo nokuzinga koqoqosho lwelizwe.
economic	adj	providing sufficient profit to continue.	The mining group must investigate more economic ways of extracting ore.	-enoqoqosho	adj	olunikela ngenzuzo eyaneleyo yokuqhubeka.	Iqela lemigodi kufuneka liphande nangakumbi ngeendlela zoqoqosho zokumba isinyithi.
economy	noun	the system of production, distribution and consumption.	The economy suffered because of a cycle of droughts and floods.	ubutyebi belizwe	noun	kwinkqubo yemveliso, ulwabiwo nokusetyenziswa.	Ubutyebi belizwe buphazamisekile ngenxa yomjikelo wembalela nezikhukula.
economy	noun	sparsity, the use of the minimum resources.	The diesel engine performs the same as petrol engines, but with greater fuel economy.	uqoqosho	noun	usasazeko, intsebenziso encinci yemithombo yoncedo.	I-injini yedizili isebenza ngokufanayo ne-injini yepetroli, kodwa ngoqoqosho olukhulu lwezibaso.
edit	verb	to correct, adapt and decide what to include in an article, book, piece of film, etc. in order to prepare it for publication or broadcasting.	She edited the student magazine before it was sent to the printers.	-hlela	verb	ukulungisa, ukuhlela nokuthatha isigqibo sokuquka inqaku, incwadi, isiqendu sefilimi, njl. njl., ngenjongo yokulungiselela upapasho okanye usasazo.	Uhlele imagazini yabafundi phambi kokuba ithunyelwe kubashicileli.
effect	noun	result or influence.	The article deals with the effects of global warming on Sub-Saharan Africa.	isiphumo	noun	isiphumo okanye impembelelo.	Inqaku lijongene nesiphumo sokufudumala kwehlabathi kwi-Sahara eNganeno yaseAfrika.

effective	adj	having the qualities or resources required to meet a task.	Combining different teaching methods in the classroom is more effective than using only one.	enesiphumo	adj	ukuba nemigangatho okanye imithombo yamancedo yokujongana nomsebenzi.	Ukudibanisa iindlela ezahlukileyo zokufundisa kusebenza kakuhle kakhulu ukugqitha ukusebenzisa indlela enye kuphela.
efficacy	noun	the ability of something to produce the desired results.	The researchers assessed the efficacy of sports training.	-kakuhle	noun	isakhono sento sokuvelisa iziphumo ezifunwayo.	Abaphandi bavavanye ukusebenza ngempumelelo koqeqesho emidlalweni.
elaborate	verb	to develop a plan or theory by describing it in greater detail or by giving new information about it.	In a follow-up report the company elaborated on the implementation of its strategy to increase productivity.	ukusebenza	verb	ukuvelisa isicwangciso okanye ithiyori ngokuchaza ngokunzulu okanye ngokunika ulwazi olutsha malunga nayo.	Kwingxelo elandelayo inkampani icacise uphunyezo lobuchule bokwandisa imveliso.
elaborate	adj	very detailed and complex, often with many different connected parts, carefully prepared.	The scientists spent years developing an elaborate plan to combat malaria.	-cacisa	adj	eneenkukacha kakhulu nezintsonkothileyo, ngamaxesha amaninzi eneenxenywe ezininzi ezahlukileyo ezidibeneyo, ezicwangciswa ngononophelo.	Izazinzulu zichithe iminyaka ziphuhlisa isicwangciso esicacileyo sokuthintela i-malaria.
element	noun	one of the individual parts making up a larger entity.	The building of a new student centre is the key element in the rector's plan to upgrade the campus.	inxenye	noun	enye yeenxenywe ezenza izinto ezidala into enkulu.	Ulwakhiwo lweziko elitsha labafundi yinxalenye engundoqo kwisicwangciso somphathi ukuphakamisa umgangatho wekhaya laseyunivesithi (ikhempasi).
element	noun	the basic or typical parts of something.	The first lecture deals with the elements of good design.	isiqalelo	noun	isiseko okanye iinxenye ngqo zento.	Isifundo sokuqala sijongene neziqalelo zoyilo olulungileyo.
element	noun	a small quantity of something, such as risk, truth, surprise, etc.	All investments contain an element of risk.	intwana	noun	intwana encinci yento, efana nomngcipheko, inyaniso, isimangaliso, njl. njl.	Zonke iintlobo zotyalomali ziquathe intwana yomngcipheko.
elevate	verb	to give someone or something a more important position.	Her desire was to elevate Russian to a place among the literary languages of Europe.	-phakamisa	verb	ukunika umntu okanye into indawo ebalulekileyo.	Umnqweno wakhe yayikukuphakamisa isiRashiya ukuya kwindawo yeelwimi zoncwadi zaseYurophu.

elevate	verb	to increase the amount, intensity, pressure, etc. of something.	Smoking and obesity can elevate "bad" cholesterol levels.	-nyusa	verb	ukwandisa inani, ubunzulu, uxinzelelo, njl. njl., lwentu.	Ukutshaya nokutyeba zinganyusa imiphakamo "emibi" yekholesteroli.
elicit	verb	to do or say something, such as asking questions, to get other people to react or give information.	The use of closed questions elicited specific information concerning the demographic characteristics of the respondents.	-rhola	verb	ukwenza okanye ukutsho into, efana nemibuzo, yokwenza abantu basabele okanye banike ulwazi.	Ukusebenzisa imibuzo evalekileyo ukurhola okanye ukuncina ulwazi oluthile malunga neempawu zobuntu zabahlolwa.
eliminate	verb	end, take out or do away with.	Writers should always use spell-checkers to eliminate unnecessary errors.	-shenxisa	verb	phelela, khupha okanye shenxisa.	Ababhali kufuneka ngamaxesha onke basebenzise izixhobo zokuhlola upelo-magama ukushensixa iimpazamo ezingafunekiyo.
eloquent	adj	able to express your opinions or ideas well, in speech or in writing, especially in a way that affects other people.	His speeches in the chamber were always eloquent and powerful.	-liciko	adj	ukuba nakho ukuvelisa izimvo okanye imicamango kakuhle, ngentetho okanye ngokubhaliweyo ngokukodwa ngendlela echaphazela abanye abantu.	Iintetho zakhe kwigumbi ngamaxesha onke zinobuciko yaye zinamandla.
eloquent	adj	visibly expressive, showing an emotion or meaning without using words.	Her paintings are an eloquent reminder of the power and beauty of nature.	-liciko	adj	ethetha ngokubonakalayo, ebonisa uvakalelo okanye intsingiselo ngaphandle kokusebenzisa amagama.	Imizobo yakhe sisikhumbuzo sobuciko samandla nobuhle bendalo.
embody	verb	to be an expression or symbol of an idea, principle or quality.	Nelson Mandela embodies the spirit of reconciliation.	-vakalisa	verb	ukuba yintetho okanye umfanekiso woluvo, umgqaliselo okanye umgangatho.	UNelson Mandela uqulathe umoya woxolelwaniso.
embrace	verb	to include something such as a group of people, ideas or things as part of a subject, discussion or category.	People around the world have turned against their communist regimes and embraced democracy.	-quka	verb	ukuquka into efana neqela labantu, iingcamango okanye izinto eziyinxalenye yesifundo, ingxoxo okanye udidi.	Abantu kwihlabathi jikelele baguqukele imibuso yabo yobukomanisi yaye baquke idemokhrasi.

embrace	verb	to accept something, such as a new opinion, idea or belief and to support it eagerly.	After having embraced Judaism she changed her name to Hadassah.	-amkela	verb	ukwamkela into, efana noluvo olutsha, ingcamango okanye inkolo nokuyixhasa ngamandla.	Emva kokwamkela ubuJuda utshintshe igama lakhe ukuba ngu-Hadassah.
emerge	verb	to come out into view; become clear.	It emerged from the court case that the suspect's fingerprints were on the murder weapon.	-vela	verb	ukuvela kwimbonakalo; ukucaca.	Kuvele kwityala lasenkundleni ukuba imizila yeminwe yomrhanelwa ibikho kwisixhobo sokubulala.
emerge	verb	to become known or recognised; to come into existence.	Microsoft emerged as the leading computer software company.	-velela	verb	ukwaziwa okanye ukuqondwa; ukuvelela ngobukho.	UMicrosoft uvelele njengenkampani ephambili yobucukubhede bekhompyutha.
emphasis	noun	special importance or significance.	Its fundamental characteristic is the emphasis laid upon human reason	isigxininiso	noun	ukubaluleka okukhethekileyo okanye okubalulekileyo.	Uphawo lwawo lwesiseko lugxininiso olubekwa kwisizathu sobuntu.
emphasise	verb	to stress or highlight.	The dietician emphasised the value of exercise in weight-loss.	-gxininisa	verb	ukuxinzelela okanye ukuqaqambisa.	Ingcali yezesondlo igxininise ukuxabiseka kokuthambisa umzimba ekwehliseni ubunzima bomzimba.
empirical	adj	derived from experiment and observation in the real world, rather than theory.	The empirical part of her research included interviews with the parents of the patients, and observation of the therapy sessions.	-ekholose ngamava	adj	ivela kumfuniselo noqwalaselo kwihlabathi lokwenene, kunokuthembela kwithiyori.	Inxenye yamava yophando lwakhe iquka iinkqubo zodliwano-ndlebe nabazali bomguli nokuqwalasela iiseshoni zonyango.
empiricism	noun	the belief that knowledge is based on the evidence of experience or experiments.	Empiricism allows the facts to speak for themselves, and attempts to omit the interpretation of the researcher as far as possible.	imfundo ngamava	noun	inkolo yokuba ulwazi lusekelwe kubungqina bamava okanye imifuniselo.	Ukukholosa ngamava kuvumela iinyaniso ukuzithethelela ngokwazo, nemizamo yokushiya utoliko lomphandi kangangoko kunokwenzeka.
empower	verb	to give more control over someone's life or situation.	Libraries empower pupils by giving them the freedom to make their own choices about reading and learning experiences.	-gunyazisa	verb	ukunika ulawulo olongezelelweyo phezu kobomi okanye imeko yomntu.	Ililayibrari zigunyazisa abafundi ngokubanika inkululeko yokwenza izinto abazikhethayo malunga namava ezinto abazifundayo nabazidundiswayo.
enable	verb	to provide the means to perform a task.	Free internet access will enable more people to work from home.	-nceda	verb	ukubonelela ngendlela yokwenza umsebenzi.	Ufikelelo lwasimahla kwi-inthanethi kuya kwenza abantu abongezelelweyo basebenze besekhaya.

encompass	verb	to include a range or a large number of things	Estuaries encompass broad ecosystems that usually extend many miles beyond the open waters of a bay or lagoon.	-quka	verb	luquka uluhlu okanye inani elikhulu lezinto ezininzi.	Amanxweme aquka iinkqubo zempilo yaselwandle ebanzi edla ngokunaba iimayili ezininzi ezingaphaya kwamanzi avulekileyo aselunxwemeni.
encounter	verb	to come across; find unexpectedly.	They encountered many problems during the pilot phase of the project.	-qubisana	verb	ukudibana; ukufumana kungalindelekanga, ngebhaqo.	Baqubisana neengxaki ezininzi kwisigaba sokuqala iprojekhi.
encounter	noun	an unexpected convergence.	There was a violent encounter between the protesters and the government officials.	ukuqubisana	noun	ukuqubisana okungalindelekanga.	Kubekho ukuqubisana okunodushe phakathi kwabaqhankqalazi namagosa karhulumente.
energy	noun	the effort and attention which someone uses to do something or achieve something.	He applied all his energies to winning a gold medal in the marathon.	amandla	noun	amandla nengqalelo esetyenziswa ngumntu ukwenza into ethile; okanye ukufikelela okuthile.	Usebenzise onke amandla anawo ukuzuzisa indondo yegolide kwimarathoni.
enforce	verb	to compel to behave in a certain way.	Medical law is a tool for enforcing medical ethics.	-nyanzela	verb	ukunyanzela ukuziphatha ngendlela ethile.	Umthetho wezamayeza usisixhobo sokunyanzela ukuziphatha kwezamayeza.
enhance	verb	to make better or more attractive.	The proposed research should enhance our understanding of Alzheimer's disease.	-khulisa	verb	ukwenza ngcono okanye umtsalane nangakumbi.	Uphando oluphakanyiswayo luya kukhulisa ukuqonda kwethu kwesifo se-Alzheimer.
enlighten	verb	to explain something to someone so that they have a greater knowledge or understanding of it.	I don't know much about the testing process; could you enlighten me?	-cacisela	verb	ukuchaza into komnye umntu ukuze abenolwazi olongezelelweyo okanye ayiqonde.	Andinalo ulwazi kakhulu ngenkqubo yovavanyo; ingaba ungakho undikhanyisele?
enrich	verb	to improve the quality of something, usually by adding something to it.	Reading can enrich your understanding and appreciation of a language.	-tyebisa	verb	ukuphucula umgangatho wento, ngamaxesha amaninzi ngokongeza into kuyo.	Ukufunda kungatyebisa ukuqonda kwakho nokuthanda ulwimi.
ensure	verb	to make certain.	Three data sources were used to ensure the validity of the research.	-qinisekisa	verb	ukuqinisekisa.	Imithombo emithathu yedata isetyenziswa ukuqinisekisa ukuba semthethweni kophando.
entity	noun	a thing which is perceived to have its own distinct existence.	The state and the legal system are separate entities.	into ekhoyo	noun	nantonina ebonwa inobukho bayo obuzimeleyo.	Umbuso nenkqubo yezomthetho zizinto ezikhoyo ezahlukeneyo.

enumerate	verb	to name or mention a list of things one by one.	The question required students to enumerate the causes of black-spot disease on citrus fruit.	-bala	verb	ukuxela okanye ukubala uluhlu lwezinto nganye nganye.	Umbuzo ufuna ukuba abafundi babale iimbangi zesifo sechokoza elimnyama kwimithi yesitrasa.
environment	noun	surrounding conditions, circumstances, situations, people or events, etc. which affect your life.	The business case study required a thorough analysis of the business environment.	imekobume yendawo	noun	izinto ezisingqongileyo ezifana nemiqathango, iimeko, abantu okanye iziganeko, njl. njl., ezichaphazela ubomi bakho.	Uphononongo lwezorhwebo lufune uhlahlelo olunzulu lwemekobume yezorhwebo.
episode	noun	an event, incident or short period of time during which something specific, important or unusual happens.	During the last episode of the soapie the main character dies.	isehlo esisodwa	noun	isehlo, isiganeko okanye ixesha elifutshane lokwenzeka kwento ekhethekileyo, ebalulekileyo okanye engaqhelekanga.	Ngethuba lomboniso wokugqibela womdlalo kamabonakude umlinganiswa oyintloko uyafa.
equate	verb	to consider or describe two or more things as the same, similar or closely connected.	In his conference paper he equated discrimination with violence.	-linganisa	verb	ukuqwalasela okanye ukuchaza izinto ezimbini okanye ezingaphezulu njengezifanayo okanye ezinxulumene kakhulu.	Kwiphepha lakhe lengqunguthela ulinganise ucalulo nodushe.
equilibrium	noun	a controlled balance between opposing forces, influences, aspects of a situation, etc.	His excellent physical and moral equilibrium gave him an evenness of temper .	uzinzo	noun	ukuzinza okulawulekayo phakathi kwamandla aphikisanayo, iimpembelelo, imiba yemeko, njl. njl.	Umzimba wakhe ogqibeleleyo nokuziphatha zimnike uzinzo ngemo.
equip	verb	to provide somebody with the necessary items to perform a certain function.	The programme equipped him with the knowledge and skills to find employment soon after graduation.	-xhobisa	verb	ukubonelela umntu ngezixhobo ezifunekayo zokwenza umsebenzi othile.	Inkqubo imxhobise ngolwazi nezakhono zokufumana umsebenzi msinya emva kokufumana isidanga.

equivalent	adj	something or someone that has the same value, function, meaning, etc. as something or someone else.	Although they had different responsibilities on the project, they received equivalent pay and recognition.	-linganayo	adj	into okanye umntu onexabiso, umsebenzi, intsingiselo, njl. njl., njengento okanye umntu othile.	Nangona bebeneemfanelo ezahlukeneyo kwiprojekthi, bebefumana umvuzo nolwamkelo olulinganayo.
era	noun	time period, usually in history.	We live in an era of globalization and super-diversity.	ixesha ezimbalini	noun	ixesha elithile, ngokuqhelekileyo ezimbalini.	Siphila kwixesha lehlabathi nokwahluka okugqibeleleyo.
erode	verb	become ground down or deteriorate.	The series of misfortunes eroded his self-confidence.	-khukulisa	verb	ukwehla emgangathweni okanye ukukhukuliseka.	Uthotho lwamashwa lukhukulise ukuzithemba kwakhe.
err	verb	to make a mistake.	He erred in gossiping about his colleagues to people who knew them personally and was caught out.	-phambuka	verb	ukwenza imposiso.	Uye waphambuka ngokuhleba ngoogxa bakhe kubantu ababaziyo ngobuqu waze ke waphosisa.
err	verb	to decide to demonstrate too much of a quality, usually a good one.	She decided to err on the side of caution and did not give the hitchhiker a lift.	-lahleka	verb	ukuthatha isigqibo sokubonisa umgangatho ophezulu kakhulu, ngamaxesha amaninzi ngokulungileyo.	Uthathe isigqibo sokuphazama kwicala lokhuseleko yaye akamkhwelisa umntu ocela ukukhweliswa.
establish	verb	to create or begin something such as an organisation, fund, activity, etc. which is expected to exist or last for a long time.	She established an organisation to feed and clothe the homeless.	-seka	verb	ukuyila okanye ukuqala into efana nombutho, ingxowamali, umsebenzi, njl. njl., ekulindelwe ukuba uhlale okanye uqhube ixesha elide.	Useke umbutho wokondla nokunxibisa abangenawo amakhaya.
establish	verb	to find out the facts that prove something to be true.	A commission of enquiry was established to investigate the matter.	-fumanisa	verb	ukufumanisa iinyaniso ezingqina ukuba into yinyaniso.	Ikhomishini yophando ithe yasekwa ukufumanisa ngomba.
estate	noun	extensive landed property retained by the owner.	Her estate is worth R3 million.	ilifa	noun	umhlaba omkhulu wepropati ugcinwe ngumnini.	Ilifa lakhe lixabisa ezigidi ezi-R3.
estimate	verb	to judge the approximate value or number or quantity of something.	A United Nations report estimated the world population at 9.6 billion by 2050.	-thelekelela	verb	ukuxabisa ngokusondeleyo ixabiso okanye inani okanye ubuninzi bento.	Ingxelo yeZizwe eziManyeneyo (i-United Nations) iqikelela abantu behlabathi beyakuba bengamawaka aliwaka asi-9.6 ngowama-2050.

ethic	noun	an idea or moral belief that influences the way you act.	Her work ethic is so strong that she will work through the night rather than miss a deadline.	umkhwa	noun	uluvo okanye inkolo yobulungisa ephembelela indlela osebenza ngayo.	Umkhwa wakhe wokusebenza ungamandla kakhulu kangangokuba uya kusebenza ubusuku bonke kunokuthi aphose ixesha elisikiweyo.
ethical	adj	connected with the beliefs about what is right and wrong.	The bank restricts loans to companies that demonstrate ethical behaviour.	-ngokwemikhwa	adj	idityaniswe neenkolo malunga nento elungileyo nengalunganga.	Ibhanki ithintela iimboleko kwiinkampani ezibonisa imikhwa yokuziphatha.
ethics	noun	principles of right and wrong for an individual or group.	The organisation strongly adheres to a code of ethics.	imikhwa	noun	iinqobo zento elungileyo nengalunganga zomntu okanye iqela.	Umbutho ubambelele ngamandla kwimikhwa yokuziphatha.
ethnic	adj	distinctive of the ways of living of a group of people.	South Africa has a wide variety of ethnic groups.	-eyobuhlanga	adj	iindlela ezikhethekileyo zokuphila zeqela labantu.	UMzantsi Afrika uneentlobo ezininzi zamaqela obuhlanga.
evaluate	verb	to judge the value of a concept, entity, process, etc. on the basis of facts and/or criteria.	They evaluated various software packages with regard to utility, economy and functionality.	-xabisa	verb	ukugweba ixabiso loluvo, into, inkqubo, njl. njl., ngokusekelwe kwiinyaniso ukunye okanye imigqaliselo.	Baxabise iintlobo ngeentlobo zeepakethe zobugocigoci malunga noqoqosho nomsebenzi.
evaluation	noun	the process of determining quality, ability or significance.	The student evaluations must be completed by the end of the semester.	ukuxabisa	noun	inkqubo yokumisela umgangatho, isakhono okanye ukubaluleka.	Ukuxabisa abafundi kufuneka kugqitywe ekupheleni kwesimesta.
eventual	adj	expected to happen in the indefinite future.	The eventual aim of land redistribution is to make up for the wrongs of the past.	-landelwa	adj	kulindelwe ukuba kwenzeka kwixesha elizayo elingenasiqinsekiso.	Injongo yokugqibela yolwabiwo kwakhona lomhlaba kukulungisa iziphoso zexesha eligqithileyo.
evident	adj	clearly revealed to the mind or the senses or judgement.	It has become evident that mechanisation is not the only answer to a vibrant agricultural economy.	-cacileyo	adj	kuveliswe ngokucacileyo engqondweni okanye kwizimvo okanye ekugwebeni.	Kucacile ukuba ukusebenza koomatshini akuyiyo kuphela impendulo kuqoqosho oludlamkileyo lwezolimo.
evoke	verb	to produce an image, memory, idea, etc. in someone's mind.	The play evoked memories of a happy childhood.	-vusa	verb	ukuvelisa umfanekiso, inkumbulo, uluvo, njl. njl., engqondweni yomntu.	Umdlalo uvuselele iinkumbulo ezimnandi zobuntwana.

evolve	verb	to develop gradually.	The project has evolved from a small community project into a nation-wide campaign.	-vela	verb	ukuphuhla kancinci kancinci.	Iprojekthi ivele ukusuka kwiprojekthi encinci yoluntu ukuya kwiphulo lwelizwe ngokubanzi.
examine	verb	to study an idea or object carefully.	The archaeologist will carefully examine the skeleton recently found in the Eastern Cape to determine its age.	-vavanya	verb	ukuphonononga uluvo okanye into ngokubanzi.	Ingcali yezinto zakudala iya kuvavanya uphahla lomzimba olusandula kufunyanwa eMpuma Kapa ukumisela ubudala balo.
exceed	verb	to be better than some standard.	A real object cannot exceed the speed of light.	-gqitha	verb	ukuba ngcono kunomgangatho othile.	Into yokwenene ayinakho ukugqitha isantya sokukhanya.
excel	verb	to be very good at doing something.	Students are highly motivated to work hard in order to excel in tasks and receive rewards.	-tshatshela	verb	ukutshatshela kakhulu ekwenzeni into.	Abafundi bakhuthazwa kakhulu ukusebenza ngamandla ukutshatshela emisebenzini nokufumana imivuzo.
excess	noun	more than is necessary.	The tests show an excess of sodium in her blood.	ugqithiso	noun	ngaphezulu kwemfuneko.	limvavanyo zibonisa ugqithiso lwesodiyamu egazini lakhe.
exclude	verb	to prevent from entering; to shut out.	The staff were excluded from the protests on campus.	-shiya	verb	ukuthintela ukungena; ukuvalela ngaphandle.	Isitafu besishiywe ngaphandle kwiinkqubo zoqhankqalazo kwizakhiwo zeyunivesithi (kwikhempasi).
exclude	verb	to reject something as a possibility because you have decided or proved that it is wrong or not important.	Patients with TB were excluded from the sample.	-thintela	verb	ukukhaba into njengento enokwenzeka ngenxa yokuba ugqibe okanye ungqine ukuba iphosakele okanye ayibalulekanga.	Abaguli abane-TB bebethintelwe kwisampulu.
execute	verb	to carry out a plan or do something you have agreed to do.	Tasks that have not been executed by 15 December have to stand over.	-qabelisa	verb	ukuqhuba isicwangciso okanye into ovumileyo ukuyenza.	Imisebenzi engaphunyezwa ngomhla we-15 kuDisemba kufuneka igqithiswe.

exert	verb	to use power, influence, authority or pressure in a strong way in order to have a particular effect on someone or something.	He exerts great influence on the other board members.	-sebenza	verb	ukusebenzisa amandla, impembelelo, igunya okanye uxinzelelo ngendlela engamandla ngenjongo yokufikelela isiphumo esithile kumntu okanye into.	Usebenza ngamandla ukuphemelela amanye amalungu ebhodi.
exert	verb	to make a strong or strenuous physical or mental effort.	He was cautioned by the doctor not to exert himself during exercise.	-xhibithela	verb	ukwenza umzamo ongamandla okanye onzimela umzimba okanye umzamo wengqondo.	Ucetyiswe ngugqirha ukuba angazinyanzeli ngexesha lokwenza imithambo yomzimba.
exhibit	verb	to show, make visible or display.	The artist's paintings will be exhibited at the re-opening of the art gallery.	-bonisa	verb	ukubonisa, ukubonakalisa okanye umboniso.	Imizobo yomzobi iya kuboniswa ekuvulweni kwakhona kweqonga lobugcisa.
expand	verb	to make bigger or wider in size, volume or quantity.	During the 1970s social welfare programmes expanded rapidly.	-yanda	verb	ukwenza nkulu nangakumbi okanye banzi nangakumbi kubukhulu, umthamo okanye ubuninzi.	Ngexesha leminyaka yee-1970 iinkqubo zentlalo-ntle zande ngokukhawuleza.
expert	noun	a person with special knowledge and experience.	He is an expert on global warming.	igcisa	noun	umntu onolwazi olukhethekileyo namava.	Uyingcaphephe kufudumalo lwehlabathi.
expert	adj	very skilled or good at doing something.	They need expert advice on marketing the technologically advanced product.	-eyobugcisa	adj	unobigcisa kakhulu okanye mhle ekwenzeni into.	Badinga ubugcisa ekuthengiseni imveliso yobuchule phesheya.
explain	verb	to tell in a way that makes it easy to understand.	The methodology section explains how the participants were selected.	-chaza	verb	ukuxela ngendlela eyenza kube lula ukuqonda.	Icandelo lendlela lichaza ukuba bakhethwe njani abathathi-nxaxheba.
explain	verb	to give reasons for something.	The theory explains why so many teenagers engage in risk behaviour.	-chaza	verb	ukunika izizathu zento.	Ithiyori ichaza ukuba kutheni abatsha abaninzi bengena kukuziphatha okuyingozi.
explicate	verb	to make clear, explicit and comprehensible.	You have to explicate the rationale for the study.	-cacisa	verb	ukucacisa, ngokucacileyo nangokuvisisekayo.	Kufuneka ucacise isizathu sophononongo.

explicit	adj	precisely and clearly expressed with no attempts to hide anything.	In their planning documents employers must give explicit indications of how they intend implementing the new policy.	-cacileyo	adj	ixelwe ngokufutshane nangokucacileyo kungekho zinzame zokufihla nantonina.	Kumaxwebhu abo okucwangcisa abaqeshi kufuneka banike imiboniso ecacileyo yendlela abazimisele ngayo ukuphumeza ipolisi entsha.
exploit	verb	to use or manipulate to one's advantage.	Traders on the stock exchange exploited the weak Rand to make money.	-zisebenzisela	verb	ukusebenzisa okanye ukulungisa ibe luncedo kuwe.	Abathengisi kutshintshiselwano ngesitokhwe bazisebenzisela ubuthathaka beRandi ukwenza imali.
exploit	verb	to treat someone unfairly, e.g. to use their work or ideas without giving them credit in order to get money or advantage for yourself.	She felt that the tragedy was exploited by the media.	-xhaphaza	verb	ukuphatha omnye kungekho bulungisa, umz. ukusebenzisa umsebenzi wabo okanye izimvo zabo ngaphandle kokubanika inzuzo ngenjongo yokufumana imali ngokuluncedo kuwe.	Ufumanise ukuba intlekele ixhatshazwe ngabasasazi beendaba.
exponent	noun	a person who supports or explains an idea, plan, theory, belief, etc. and tries to persuade others that it is useful or good.	The professor is a leading exponent of herbal medicine.	umxhasi	noun	umntu oxhasa okanye ocacisa uluvo, isicwangciso, ithiyori, inkolo, njl. njl., yaye azame ukukhuthaza abanye ukuba iluncedo okanye ilungile.	Unjingalwazi ungumxhasi ophambili wamayezazizityalo.
export	verb	to sell or transfer abroad.	South Africa exports wine to the rest of the world.	-yisa kwelinye ilizwe	verb	ukuthengisa okanye ukuthumela ngaphandle kwelizwe.	UMzantsi Afrika uthumela iwayini kwihlabathi liphela.
export	verb	to introduce something such as an activity, idea, etc. to another country.	German ideas on education have been exported to rural Africa.	-thumela ulwazi	verb	ukungenisa into efana nomsebenzi, uluvo, njl. njl., kwelinye ilizwe.	Izimvo zemfundo zeJamani zithunyelwe ngaphandle kwelizwe kumaphandle aseAfrika.
export	noun	the sale of products or materials to another country.	Profits from the export of alcohol are heavily taxed.	uthumelo	noun	intengiso yeemveliso okanye izinto kwelinye ilizwe.	Iinzuzo ezivela kuthumelo lotywala ngaphandle kwelizwe zirhafiswe nzima.

export	noun	something that is sold to another country.	Wine is an important export for South Africa.	ukuthumela	noun	into ethengiswe kwelinye ilizwe.	Iwayini yimveliso ebalulekileyo ethunyelwa ngaphandle kwelizwe eMzantsi Afrika.
expose	verb	to show or make visible.	He considered it his duty to expose careless and ignorant writers.	-tyhila	verb	ukubonisa okanye ukwenza kubonakale.	Ucinga ukuba ngumsebenzi wakhe ukubhentsisa ababhali abaziphethe kakubi nabangenalo ulwazi.
extensive	adj	including a wide range.	The accident received extensive coverage from the media.	-phangaleleyo	adj	kuquka ulwazi olubanzi.	Ingozi ifumene upapasho olubanzi kubasazi beendaba.
external	adj	on the outside.	The external pressure must be higher than the internal pressure for the expansion to take place.	-yangaphandle	adj	ngaphandle.	Uxinzelelo lwangaphandle kufuneka lube phezulu kunoxinzelelo lwangaphakathi ukuze ukwanda kwenzeke.
extract	verb	to remove, usually with some force or effort.	The broken piece was extracted from the machine using pliers.	-khupha	verb	ukukhupha, ngamaxesha amaninzi ngamandla athile okanye ngomzamo.	Inxenye ephukileyo ikhutshwe kumatshini kusetyenziswa iplayazi.
extract	verb	to obtain something from something else, using a chemical or industrial process or machine.	Iron is extracted from iron ore.	-caphula	verb	ukufumana into kwenye into, usebenzisa ichiza okanye inkqubo yezeshishini okanye umatshini.	Intsimbi ikhutshwa kwintsimbi ekrwada.
extract	noun	a small part of a book, piece of music, etc. which is printed or published on its own.	This extract from the novel shows how poor children can be exploited in cities.	isicatshulwa	noun	inxenye encinci yencwadi, isiqendu seculo, njl.njl. esichicilelweyo okanye sapapashwa ngokwaso.	Esi sicutshulwa esivela kwinoveli sibonisa indlela abantwana abahluphekayo baxhatshazwa ngayo kwizixeko.
extract (or excerpt)	noun	the substance that has been obtained from another substance by means of a particular process.	Almond extract gives rice pudding a lovely flavour.	ukukhutshwa	noun	into ekhutshwe kwenye into ngenkqubo ekhethekileyo.	Into ekhutshwa kwi-almond inika ipudingi yerayisi incasa emnandi.
facilitate	verb	to make easier; allow it to happen.	The University is serious about facilitating access to more economically disadvantaged students.	-lungiselela	verb	ukwenza lula; ukuyivumela ukuba yenzeke.	Iyunivesithi izimisele ukulungiselela ufikelelo ikakhulu kubafundi abasilelayo kwezoqoqosho.

faction	noun	a small group within a larger group, which has opposing ideas to the main part of the group.	The rival factions in the political party cannot reach an agreement.	iqela elahlukeneyo	noun	iqela elincinci kwiqela elikhulu, eliphikisa izimvo zenxenye enkulu.	Amacala aphikisanayo ahlukkeneyo kwiqela lezopolitiko akanakho ukufikelela imvumelwano.
factor	noun	anything that contributes causally to a result.	Education is a key factor in raising awareness of health issues in a population.	-inani elingena	noun	nantonina enesabelo esithile kwisiphumo.	Imfundo ngumba onesiphumo esibalulekileyo ekuphakamiseni ukuqaphela imiba yempilo kuluntu.
factor	verb	to include something in your calculations on how much something will cost, or how long it will take, etc.	She forgot to factor in the painter's wages when she estimated how much painting the house would cost.	-ukuquka into	verb	ukuquka into kwizibalo zakho zokuba iya kubiza malini okanye iya kuthatha ixesha elingakanani, njl. njl.	Ulibele ukuquka imivuzo yabapeyinti xa ebala ukuba kuya kuba yimalini ukupeyinta indlu.
factual	adj	based on or containing facts.	An argument is usually supported by factual information.	-enyaniso	adj	ngokusekelwe okanye ngokuquka iinyaniso.	Impikiswano idla ngokuxhaswa lulwazi olunenyano.
fallacy	noun	a false or mistaken idea or belief, based on incorrect information or faulty reasoning, which many people believe to be true.	It is a fallacy that the Scots are stingy; in fact, they give more to charity than any other group in the British Isles.	imposiso	noun	ubuxoki okanye imposiso yoluvo okanye inkolo, ngokusekelwe kulwazi oluyimposiso okanye isizathu esiyimposiso, eso abantu abaninzi bakholwa ukuba yinyaniso.	Yimposiso ukuthi ama-Skoti ayavimbana; enyanisweni, banikela kwisisa ukugqitha nawaphi amanye amaqela kwi-British Isles.
fallacy	noun	a weakness in someone's argument caused by faulty logic or a mistake in their reasoning.	The fallacy contained in their argument is that they have made generalisations on the basis of too few examples.	amampunge	noun	ubuthathaka bempikiswano yomnye umntu ebangwe kwisizathu senkohliso okanye isizathu esiphosakeleyo.	Amampunge aqulathwe kwimpikiswano yabo edibanise konke ngokusekelwe kwimizekelo embalwa.
feasible	adj	possible, practical, that can be done and is likely to work.	Using four languages as media of instruction is not feasible.	-enokwenzeka	adj	into enokwenzeka, esebenzekayo, enokwenziwa yaye efanekeleleyo ukwenzeka.	Ukusebenzisa iilwimi ezine njengosasazo lomyalelo akunakho ukwenzeka.

feature	noun	a special article on a particular subject in a magazine, newspaper, etc.	The newspaper had a special feature on the writer who won the award.	uphawu	noun	inqaku elikhethekileyo ngesihloko esithile kwimagazini, iphephandaba, njl. njl.	Iphephandaba belineqaku elikhethekileyo ngombhali ophumelele ibhaso.
feature	noun	an important, interesting or typical aspect of something.	Describe the characteristic features of an earthquake.	umqondiso	noun	umba obalulekileyo, onomtsalane okanye wokwenene ngento ethile.	Chaza iimapwu ezingumqondiso wenyikima.
feature	verb	to have an important part in or include a specific person.	The conference will feature the dean as one of the plenary speakers.	-bonisa	verb	ukuba nento ebalulekileyo kwinto okanye ukuquka umntu othile.	Ingqungquthela iza kubonisa umongameli wecandelo leyunivesithi njengomnye wezithethi zendibano epheleleyo.
fertile	adj	if an environment or situation is fertile, then new ideas, results, political groups, etc. are encouraged and can easily develop and succeed.	Poorer regions are a fertile breeding ground for revolution.	-tyebileyo	adj	ukuba imekobume okanye imeko echumileyo, izimvo ezintsha, iziphumo, amaqela ezopolitiko, njl. njl., ayakhuthazwa yaye angaphuhla nokuphumelela lula.	Iinqila ezihluphekayo yimihlaba echumileyo yovukelo lombuso.
fertile	adj	if your mind is fertile, you are full of new, interesting and unusual ideas.	The new lecturer has a fertile mind and will make many valuable contributions to research in the field.	-qhamileyo	adj	ukuba ingqondo yakho ityebile, ugcelele zizimvo ezintsha, ezidala umdla nezingaqhelekanga.	Umlhlohli omtsha unengqondo eqhamileyo yaye uya kwenza igalelo elixabisekileyo ngokuphanda entsimini.
finance	verb	to provide the money, often a large amount, that is needed to pay for something	She worked full-time to finance her husband's college education.	-khuphela imali	verb	ukubonelela ngemali, ngamaxesha amaninzi, imali eninzi, efunakayo ukuhlawulela into ethile.	Usebenze umsebenzi osisigxina ukuxhobisa ngemali imfundo yasekholeji yomyeni wakhe.
finance	verb	the money that a person or organisation has available and the way in which they manage this money.	The church took out a loan to finance the new community centre.	-xhobisa ngemali	verb	imali leyo umntu okanye umbutho unayo nendlela olawula ngayo le mali.	Icawe iboleke imali ukuxhobisa iziko leziswe elitsha.

finance	noun	the commercial activity of providing funds and capital.	Finance for the new natural sciences laboratory has been provided by private donors.	imali	noun	umsebenzi wezeshishini obonelela ngeenkxaso-mali nenkunzi.	Inkxaso-mali yelebhu entsha yeenzululwazi zendalo ibonelele ngabanikeli babucala.
finite	adj	with a definite limit or fixed size.	There is a finite number of energy resources from which to generate electricity.	-enemida	adj	kukho umda omiselweyo okanye ubukhulu obusisigxina.	Kukho inani elinesiphelo lemithombo yamandla ekunokuphehlwa kuyo umbane.
flexible	adj	able to adjust to different conditions.	The company is looking for someone who can work flexible hours.	-thambileyo	adj	onakho ukusebenza kwiimeko ezahlukeneyo.	Inkampani ifuna umntu ongasebenza iiyure ezibhetyebhetye.
fluctuate	verb	move in a rising and falling pattern like a wave.	The device malfunctioned due to fluctuations in the electrical current.	-guquguqika	verb	intshukumo yokunyuka nokwehla kwepatroni ngokufana namaza.	Isixhobo sisebenza ngokuphosakeleyo ngenxa yokutshintshatshintsha kwamandla ombane.
fluent	adj	able to speak or write a (foreign) language correctly and easily without hesitation.	She is fluent in Spanish.	-nobuncoko	adj	ukubanakho ukuthetha okanye ukubhala ulwimi (lwasemzini) ngokuchanekileyo nangokukhululeka ngaphandle kokungabaza.	Uliciko kulwimi lwe-Spanish.
fluid	adj	unstable, not fixed and likely to change.	Although the two institutions have merged, the arrangement is still fluid.	-yengeyenge	adj	ukungazinzi, akukho sigxina yaye kungenzeka lutshintshe.	Nangona amaziko edibene, isicwangciso sisaguququka.
focus	verb	to concentrate on or pay special attention to a particular person or thing instead of other people or things.	She focused all her energy on completing her dissertation.	-gqalisela	verb	ukumisa ingqondo okanye ukuthathela ingqalelo ekhethekileyo kumntu okanye into ekhethekileyo endaweni yabanye abantu okanye izinto.	Ujolise onke amandla akhe ekugqibeni ithisisi yakhe.
focus	noun	the subject or situation that is the centre of interest or attention.	The main focus of the course is social anthropology.	isazulu	noun	isifundo okanye isimo esisisazulu somda okanye sengqwalaselo.	Isazulu esingundoqo sesifundo sisifundo sezentlalo ngolwazi lomntu.

focus	noun	the special attention you give to a particular subject or situation.	The media's focus on primary health care has raised awareness.	incam	noun	inkathalelo ekhethekileyo oyinika isihloko okanye imo ethile.	Incam yosasazo lweendaba engundoqo yinkathelelo yempilo ephakamise ulwazi.
focus	noun	the clear purpose of something.	His essay lacks focus.	ugqaliso	noun	injongo ecacileyo yento.	Isincoko sakho sisilela ngengqaliso.
forgo	verb	to give something up or to decide not to have something.	The student volunteers forgo their summer holidays to do development work.	-ncama	verb	ukuncama into ethile okanye ukuthatha isigqibo sokungabinayo into ethile.	Umfundi uvolontiya ukuncama iiholide zakhe zohlobo ukwenza umsebenzi wophuhliso.
format	noun	the organisation, plan or design of something.	The celebrations take place in the format of a carnival.	-isicwangciso	noun	umbutho, isicwangciso okanye uyilo lwento ethile.	Imibhiyozo ithatha isicwangciso semidlalo nemigcobo.
format	noun	the layout and appearance of a document or display.	The format of the two textbooks is completely different.	isakhiwo	noun	isakhiwo nembonakalo yoxwebhu okanye umboniso.	Isakhiwo seencwadi zesikhokelo ezimbini sahluka ngokupheleleyo.
format	verb	to arrange a text and visual elements in a specific way on a page or screen.	All assignments have to be formatted according to the prescribed style sheet.	-yila	verb	ukuhlela iziseko zobhalo nembonakalo ngendlela ekhethekileyo kwiphepha okanye isikrini.	Yonke imisebenzi kufuneka iyilwe ngokwesimbo sephepha esimiselweyo.
formula	noun	a particular method of achieving something.	The formula for success is hard work.	ifomula	noun	indlela ekhethekileyo yokufikelela into ethile.	Ifomula yempumelelo kukusebenza nzima.
formulate	verb	to invent, plan and decide all the details of a proposal or project.	The commission was tasked with formulating a monetary policy.	-yila	verb	isiganeko, isicwangciso nazo zonke iinkcukacha zesicelo okanye zeprojekthi.	Ikhomishini ibinikwe umsebenzi wokuyila ipolisi yezemali.
formulate	verb	to use particular words to clearly express your opinions, feelings or ideas.	They formulated their ideas in carefully crafted prose.	-misela	verb	ukusebenzisa amazwi akhethekileyo ukuxela ngokucacileyo izimvo, iimbilini okanye imicamango yakhe.	Bamisele izimvo zabo ngeprozi eyilwe ngobunono.

forthcoming	adj	willing to give information about something.	She was forthcoming in her response to the allegations.	-ezayo	adj	ukuzimisela ukunikela ngolwazi malunga nento.	Bekezimisele ukuzangaphambili ekusabeleni kwakhe kwizityholo.
forthcoming	adj	going to happen or to be published.	I am looking forward to the forthcoming rugby season.	-eza kwenzeka	adj	-iza kwenzeka okanye ipapashwe.	Ndijonge phambili kokuza kwenzeka ngexesha lombhoxo.
found	verb	to base something such as a main idea or belief on something else.	A child's confidence is founded on love and praise.	-seka	verb	ukuseka into efana nomcamango ongundoqo okanye inkolo kwenye into.	Ithemba lomntwana lisekelwe kuthando nesincomo.
foundation	noun	the basics or principles on which future work or actions are built.	The study provides a solid foundation for further research.	ukusekwa	noun	iziseko neenqobo okwakiwa kuzo imisebenzi neentshukumo zexesha elizayo.	Uphononongo lunikela ngesiseko esiqinileyo malunga nophando olongezelelweyo.
framework	noun	a set of ideas, beliefs or principles forming the basis for understanding something.	The textbook provides a general framework for understanding biology.	isakhelo	noun	iseti yezimvo, iinkolo okanye iinqobo ezakha isiseko sokuqonda into.	Incwadi yesikhokelo inikela ngesakhelo esibanzi sokuqonda ibhayoloji.
